# ISIQULATHO

**ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA . . . . . 4**
1.1 IMVELAPHI . . . . . 4
1.2 AMAGQABANTSHINTSHI . . . . . 4
1.3 IINJONGO EZIPHANGALELEYO ZEKHARITYHULAM YOMZANTSI AFRIKA. . . . . 5
1.4 UKWABIWA KWEXESHA . . . . . 7
1.4.1 IsiGaba esisisiSeko. . . . . 7
1.4.2 IsiGaba esiPhakathi . . . . . 8
1.4.3 IsiGaba esiPhezulu . . . . . 8
1.4.4 IBanga 10-12 . . . . . 8

**ICANDELO LESI-2: UKAZISA IILWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO KWISIGABA ESISISISEKO . . . 10**
2.1 IILWIMI KWINKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA. . . . . 10
2.1.1 Imigangatho yolwimi . . . . . 10
2.1.2 Injongo zokufunda uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo . . . . . 11
2.1.3 Ukufundiswa koLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo . . . . . 13
2.1.4 Izakhono zolwimi zeLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo . . . . . 14
2.1.5 Iintlobo zelitheresi . . . . . 15
2.1.6 Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi . . . . . 19
2.1.7 Izihloko nemixholo . . . . . 19
2.1.8 Ukufundisa nendlela yokufundisa . . . . . 20
2.1.9 Ulawulo eklasini kunye nezixhobo zokufunda nokufundisa . . . . . 20

2.2 UHLOLO KULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO . . . . . 20
2.3 UKWABIWA KWEXESHA NETHEYIBHULI YAMAXESHA . . . . . 20
2.4 UKUNYUSELWA NOKUPASISWA KWABAFUNDI KUMABANGA 1-3 . . . . . 21
2.5 UKUREKHODA NOKURIPOTA: AMABANGA 1-3 . . . . . 21
2.6 IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA . . . . . 21

**ICANDELO LESI-3: AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO ZOLWINI EMAZIFUNDISWE KULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL) AMABANGA 1-3 . . . . . 23**
IBANGA 1 ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO . . . . . 26
IBANGA 2 ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO . . . . . 35
IBANGA 3 ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO . . . . . 48

ULUHLU LWAMAGAMA . . . . . 62

# ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

## 1.1 IMVELAPHI

I*Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (NCS)* icacisa ipolisi yekharityhulam nokuhlola ezikolweni.

Ukuphucula ukusetyenziswa kwayo, INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ihlaziyiwe, yaye olu hlaziyo luya kuqala ukusebenza ngeyoMqungu/ngoJanyuwari 2012. Isifundo ngasinye senzelwe uxwebhu olunye lwePolisi yeKharityhulam nokuHlola endaweni yala maxwebhu madala angala: INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe, isiKhokelo seNkqubo yokuFunda kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo kwiBanga R-12.

## 1.2 AMAGQABANTSHINTSHI

(a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* imele inkcazelo yepolisi yokufunda nokufundisa kwizikolo zoMzantsi Afrika yaye iquka oku kulandelayo:

(i) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yesifundo ngasinye kwezo zifundo zivunyiweyo zesikolo;

(ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12.*; kunye

(iii) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *National Protocol for Assessment Grades R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012).*

(b) Uxwebhu oluthi, *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 eyoMqungu/Janyuwari 2012)* lungena endaweni yala maxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe mabini alandelayo:

(i) i*Revised National Curriculum Statement Grades R-9, Government Gazette No. 23406 of 31 May 2002*, kunye

(ii) ne*National Curriculum Statement Grade 10-12 Government Gazettes, No 25545 of 6 October 2003 and No. 27594 of 17 May 2005*.

(c) Amaxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ekuthethwe ngawo kumhlathi b(i) no(ii), aquka la maxwebhu epolisi alandelayo, aza kuthi aye eyekiswa ngokuyekiswa, engenelelwa yi*Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* ngo2012 - 2014:

(i) INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yezifundo ngezifundo, isiKhokelo seNkqubo yokuFundisa kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo seBanga R-9 neseBanga 10-12;

(ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National Policy on assessment and qualifications for schools in the General Education and Training Band*, olubhengezwe kwi*Government Notice No. 124* ekwi*Government Gazette No. 29626 of 12 February 2007*;

(iii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, the *National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF)*, olubhengezwe kwi*Government Gazette No.27819 of 20 July 2005;*

(iv) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding learners with special needs,* olupapashwe kwi*Government Gazette, No.29466 of 11 December 2006,* lufakwe kuxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12;* kunye

(v) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding the National Protocol for Assessment (Grades R-12)*, olubhengezwe kwi*Government Notice No.1267* kwi*Government Gazette No. 29467 of 11 December 2006.*

(d) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades* R-12; kunye namacandelo akwiPolisi yeKharityhulam nokuHlola njengoko ebonisiwe kwisahluko sesi-2, 3 nesesi-4 solu xwebhu aqulethe izithethe nemigangatho ye*Nkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yeBanga R-12.* Ngoko ke, olu xwebhu luya kuthi, ngokwe*candelo 6A* le*South African Schools Act* (uMthetho oLawula iZikolo zaseMzantsi Afrika), *ka1996 (uMthetho wama-84 ka1996,)* lwenze isiseko sokuxhobisa umPhathiswa wezeMfundo esisisiSeko ukuba akwazi ukubeka awona manqanaba aphantsi eziphumo nemigangatho, ngokunjalo neenkqubo nemigaqo yokuhlola impumelelo yabafundi, manqanaba lawo aza kusebenza kwizikolo zikarhulumente nezabucala.

## 1.3 IINJONGO EZIPHANGALELEYO ZEKHARITYHULAM YOMZANTSI AFRIKA

(a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* inika isikhokelo kulwazi, izakhono

(b) nezithethe (izinto ezixabisekileyo) ezinokufundwa ezikolweni zaseMzantsi Afrika. Le kharityhulam ijonge ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana ulwazi bekwasebenzisa nezakhono ngeendlela ezihambelana nobomi babo bemihla ngemihla. Kungoko ke le kharityhulam ikhuthaza uluvo lokusebenzisa kakhulu iimeko zalapha, kodwa ibe ikwayise iso nemiba ebalulekileyo yehlabathi jikelele.

(c) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 yenza oku kulandelayo:

- Ixhobisa abafundi ngolwazi, izakhono nezithethe eziya kubanceda ukuba bakwazi ukuzimela nokuthabatha inxaxheba ekuhlaleni njengabemi belizwe elikhululekileyo; nokuba bavela kweyiphi imo yezentlalo, uhlanga, isini, bekhangeleka njani ngokomzimba okanye bekuliphi inqanaba lengqiqo;
- Ivulela abafundi amathuba okuya kwimfundo ephakamileyo;
- Incedisa abafundi ukuba bakwazi ukuphuma kumaziko emfundo baye kumaziko omsebenzi; yaye
- Inika abaqeshi umfanekiso ocacileyo ngobuchule nolwazi abanalo abafundi.

(c) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 isekelwe phezu kwale mithetho-siseko ilandelayo:

- *Ukuphuculwa kwezentlalo:* ukuqinisekisa ukuba kuyalungiswa ukungalingani kwezemfundo okwabangelwa lixesha lobandlululo, nokuba bonke abemi banikwa amathuba emfundo alinganayo;
- *Ukufunda ngokubandakanyeka kusetyenziswa ingqiqo:* ukukhuthaza indlela yokufundisa efuna abafundi ukuba bathathe inxaxheba bebonakalisa ingqiqo, endaweni yokufunda ngokubethelela izimvo nokufunda nje bengaziqiqisisi iinyaniso okanye izimvo abazinikwayo;
- *Ulwazi nezakhono ezikumgangatho ophakamileyo:* ukubekwa kweyona migangatho isezantsi yolwazi nezakhono ekufuneka abafundi bezibonakalise kwibanga ngalinye, kananjalo nokumiselwa kwemigangatho ephezulu enokufikelelwa kuzo zonke izifundo;
- *Ukuqhubela phambili:* umxholo wokufundwayo neemeko ekufundwa phantsi kwazo kwibanga ngalinye ubonisa ukuqhubela phambili, ukususela kokulula ukuya koko kuntsonkothileyo;
- *Amalungelo oluntu, uqukaniso, ukukhathalelwa kokusingqongileyo nobulungisa bezentlalo:* ukufakwa kwemithetho-siseko neendlela zokwenza ubulungisa kwezentlalo nokukhathalela indalo esingqongileyo kwanamalungelo oluntu, njengoko ebekiwe kuMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika. INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga 10-12 ibonakalisa uvakalelo kwimiba yeyantlukwano enjengendlala, ukungalingani, uhlanga, isini, ulwimi, ubudala, ukuba nenkubazeko neminye imiba;

- *Ukuxatyiswa kolwazi lwemveli:* ukuthathela ingqalelo ubutyebi bembali kunye nelifa lemveli leli lizwe njengeentsika zokuxhasa izithethe eziqulethwe nguMgaqo-siseko; kunye
- *Nentembeko, umgangatho ophezulu, kunye negalelo elibonakalayo:* ukunika imfundo enokuthelekiseka neyamanye amazwe ngokomgangatho, ukunatyiswa kwanokungena nzulu kwayo kwimiba efundiswayo.

(d) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 ijonge ukuphuhlisa abafundi abakwaziyo:

- ukuchonga nokusombulula iingxaki bathabathe izigqibo besebenzisa ingqiqo nokucinga okubonakalisa ubugcisa;
- ukusebenza ngempumelelo bebodwa naxa bekunye nabanye njengamalungu eqela;
- ukuzicwangcisa nokuzilawula bona buqu kunye nemisebenzi yabo, loo nto beyenza ngentembeko nangempumelelo;
- ukuqokelela, ukuhlalutya, ukucwangcisa nokuhlaba amadlala ulwazi;
- ukunxibelelana nabanye ngempumelelo besebenzisa ubuchule bokubonwayo, bemiqondiso kunye/ okanye nezinye izakhono zolwimi ngeendlela ezahlukeneyo;
- ukusebenzisa inzululwazi nobuchwepheshe ngempumelelo nangokubonisa ukuba noxanduva ngokunengqiqo ekukhathaleleni indalo esingqongileyo nempilo yabanye; kunye
- nokubonisa ukuliqonda ihlabathi ukuba liyiseti yezinto ngezinto ezizalanayo ngokuqaphela ukuba iimeko ezisonjululwa phantsi kwazo iingxaki azizimelanga zodwa geqe.

(e) Ukuqukaniswa kwemfundo kufuneka kube ngundoqo ekulungiseleleni, ekucwangciseni nasekufundiseni kwisikolo ngasinye. Oku kunokwenzeka kuphela xa bonke ootitshala benolwazi oluphangaleleyo malunga nendlela yokuqonda nokusombulula izidingo zokufunda kunye nendlela yokucwangcisela abafundi abangafaniyo.

Undoqo ekulawuleni ukuqukaniswa kwemfundo kukuqinisekisa ukuba izidingo ziyachongwa zize zisonjululwe ngawo onke amaqela enkxaso efanelekileyo asesikolweni, aquka ootitshala, amagosa esithili, amaQela eNkxaso amaZiko athile, abazali neZikolo zabaFundi abaneeMfuno eZizodwa njengamaZiko aXhobisa ngoLwazi. Ukusombulula izidingo eklasini, ootitshala mabasebenzise iindlela ngeendlela zokujongana neyantlukwano kwikharityhulam, ndlela ezo zifana nezo zikuxwebhu lweSebe leMfundo esisisiSeko oluthi *Guidelines for Inclusive Teaching and Learning (2010).*

## 1.4 UKWABIWA KWEXESHA

### 1.4.1 IsiGaba esisisiSeko

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko limi ngolu hlobo:

| ISIFUNDO | IBANGA R (IIYURE) | IBANGA 1 (IIYURE) | IBANGA 2 (IIYURE) | IBANGA 3 (IIYURE) |
|---|---|---|---|---|
| **ULwimi lwaseKhaya** | **10** | **8/7** | **8/7** | **8/7** |
| **ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo** | **N/A** | **3/2** | **3/2** | **3/4** |
| **ULwimi Lwesibili oloNgezelelweyo** | **N/A** | **1** | **1** | **1** |
| **IMathematika** | **7** | **7** | **7** | **7** |
| IzaKhono zoBomi<br>• ULwazi olusisiSeko<br>• EzobuGcisa<br>• EzemiThambo<br>• UkuziPhatha neNtlalo | **6**<br>(1)<br>(2)<br>(2)<br>(1) | **6**<br>(1)<br>(2)<br>(2)<br>(1) | **6**<br>(1)<br>(2)<br>(2)<br>(1) | **7**<br>(2)<br>(2)<br>(2)<br>(1) |
| **IYURE ZIZONKE** | **23** | **24** | **24** | **26** |

(b) Ixesha elabelwe ukufundisa leBanga R ziyure ezingama-23. Ixesha elabelwe ukufundisa amaBanga 1-2 ziyure ezingama-24, eleBanga 3 ziyure ezingama-26.

(c) ULwimi lwaseKhaya iBanga R lwabelwe iyure ezili-10. Ixesha elininzi liziyure ezisi- 8 lize elimbalwa libe ziyure ezisi- 7 ezabelwe uLwimi lwaseKhaya kumaBanga 1-3. KuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo amaBanga 1-2 abelwe iyure ezi-3 kwixesha elininzi kwelimbalwa zabelwa iyure ezi-2; kwaze kwiBanga lesi-3 ezona yure zininzi zi-4, zize ezimbalwa zibe-3. KuLwimi lweSibini oloNgezelelweyo amaBanga 1-3 abelwe iuyre e-1.

(d) Mathematika kumaBanga R-3 yabelwe iiyure ezisi-7. KwizaKhono zoBomi, uLwazi lokuQala amaBanga R-2 abelwa iyure ezi-6, iBanga lesi-3 labelwa iyure ezisi-7.

**1.4.2 IsiGaba esiPhakathi**

**(a)** Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhakathi limi ngolu hlobo:

| ISIFUNDO | IIYURE |
|---|---|
| **ULwimi lwaseKhaya** | 6 |
| **ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo** | 5 |
| **ULwimi Lwesibili oloNgezelelweyo** | 2 |
| **IMathematika** | 6 |
| INzululwazi nobuChwepheshe (neTeknoloji) beNdalo | 3.5 |
| INzululwazi yezeNtlalo | 3 |
| **IzaKhono zoBomi**<br>• EzobuGcisa<br>• EzemiThambo<br>• UkuziPhatha neNtlalo | 4<br>(1.5)<br>(1)<br>(1.5) |
| **LILONKE** | 29.5 |

**1.4.3 IsiGaba esiPhezulu**

a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhezulu limi ngolu hlobo:

| ISIFUNDO | IIYURE |
|---|---|
| **ULwimi lwaseKhaya** | 5 |
| **ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo** | 4 |
| **ULwimi Lwesibili oloNgezelelweyo** | 2 |
| **IMathematika** | 4.5 |
| INzululwazi yezeNdalo | 3 |
| UbuChwepheshe (iTeknoloji) | 2 |
| INzululwazi yoLawulo lwezoQoqosho | 2 |
| IsiFundo ngezoBomi | 2 |
| EzobuGcisa | 2 |
| **LILONKE** | 29.5 |

**1.4.4 IBanga 10-12**

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa iBanga 10-12 limi ngolu hlobo:

| ISIFUNDO | IIYURE |
|---|---|
| **ULwimi lwaseKhaya** | 4.5 |
| **ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo** | 4.5 |
| **ULwimi Lwesibili oloNgezelelweyo** | 2 |
| **IMathematika** | 4.5 |
| IsiFundo ngezoBomi | 2 |

| | |
|---|---|
| Ubuncinane bazo naziphi izifundo ezithathu ezikhethwe kwi**Qela** **B** isiHlomelo B, iiTheyibhile B1 - B8 zoxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12,* ngokuxhomekeke kwimigaqo ebekwe kumhlathi wama-28 wolu xwebhu lwepolisi. | 12 (3x4 iiyure -4) |
| **LILONKE** | 29.5 |

Ixesha elabelwe ukufundisa ngeveki malisetyenziselwe ukufundisa izifundo ngokweemfuno zezifundo zeNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (NKS) ezichatshazelwe apha ngasentla, hayi ezinye izifundo ezongezelelweyo. Ukuba umfundi ufuna ukongeza izifundo, makongezelwe elinye ixesha lezo zifundo azongezileyo.

# ICANDELO LESI-2: UKAZISA IILWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO KWISIGABA ESISISISEKO

## 2.1 IILWIMI KWINKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

Ulwimi sisixhobo sokucinga nokunxibelelana. Lukwayindlela yenkcubeko nothando lobuhle abathi abantu babelane ngayo ukuze bakwazi ukuliqonda ilizwe abaphila kulo. Ukufunda ukusebenzisa ulwimi ngendlela eyiyo kubangela ukuba abafundi bafumane ulwazi, bakwazi ukuzazi, ukwazisa iimvakalelo neengcinga zabo, ukunxibelelana nabanye nokukwazi ukulawula ilizwe abaphila kulo. Lukwanika abafundi imifanekiso etyebileyo nemandla kunye neengcinga ezinokusetyenziswa kwilizwe labo ngokungcono nangokucacileyo kunokuba kunjalo. Kusetyenziswa ulwimi ukuvakalisa nokwakha iinkcubeko ezizintlobo ngeentlobo nobuhlobo kwaye kukwangokusebenzisa ulwimi apho olu lwakhiwo lunokuthi lutshintsha tshintshwe, lwandiswe okanye luphuculwe.

### 2.1.1 Imigangatho yolwimi

Ukufundwa kolwimi kwiBanga lesi-4 ukuya kwelesi-6 kuquka zonke iilwimi zaseburhulumenteni zaseMzantsi Afrika, izizezi: iAfrikaans, iEnglish, isiNdebele, isiXhosa, isiZulu, iSepedi (Sesotho sa Leboa), iSesotho, iSetswana, iSiswati, iTshivenda, iXitsonga nezi zingezizo ezaseMzantsi Afrika, ezizezi, Arabic, French, German, Gujarati, Hebrew, Hindu, Italian, Latin, Morden Greek, Portuguese, Spanish, Tamil, Telugu, Urdu. Zonke iiLwimi zaseburhulumenteni zinokufundiswa njengoLwimi lwaseKhaya, olokuQala oloNgezeleweyo okanye olwesiBini oloNgezelelweyo. Zonke iilwimi ezingezizo ezaseMzantsi Afrika zinokufundwa ubuncinane kwinqanaba loLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo.

Ukufunda ulwimi kumabanga 4-9 kuquka zonke iilwimi zaseburhulumenteni eMzantsi Afrika. Zonke ezilwimi zisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni zingafundiswa kumgangatho woLwimi lwaseKhaya uLwimi Lokuqala okanye kumgangatho woLwimi Lwesibini Olongezelelweyo. Zonke iillwimi ezingezizo ezaseburhulumenteni zifundiswa kumgangatho woLwimi Lwesibini Olongezelelweyo apho ezi lwimi ziphuhliswe khona.

ULwimi lwaseKhaya lulwimi lokuqala oluthi lufundwe ngabafundi ngelixa ulwimi Lokuqala Olongezelelweyo lufundwa njengolwimi olongezelelwe kulwimi Lwasekhaya. ULwimi Lwesibini olongezelelweyo lolunye ulwimi olunokufundwa ngumfundi, ulwimi oluthi luvumele unxibelelwano olubanzi nelwimi ezininzi njengoko oku kubhaliwe kuMthetho Sisekelo neLanguage in Education Policy. Ulwimi lungasetyenziswa kwindawo ethile kwaye lwangeze ekwakheni isizwe nokuqondana phakathi kwekcubeko. Izikolo ezininzi eMzantsi Afrika azilufundisi ulwimi lwaseKhaya lwabafundi abathile okanye lwabafundi bonke abafunda kweso sikolo. Ezi zikolo zikhetha ukufundisa ulwimi olunye okanye iilwimi ezimbini ezikwinqanaba lolwimi lwaseKhaya. Ngenxa yoku ileybheli uLwimi lwaseKhaya nolwimi Lokuqala Olongezelelweyo lubhekiselele kwinqanaba lolwazi lololwimi olo luthi lufundiswe hayi ngokubhekiselele kulwimi lokuzalwa (ulwimi lwaseKhaya) okanye ulwimi olufundwayo(njengolwimi olongezelelweyo). Ngokweenjongo zale polisi konke okubhekiselele kuLwimi lwaseKhaya makuqondwe njengokubhekiselele kumgangatho hayi ulwimi.

**Umgangatho woLwimi lwaseKhaya** unika ulwazi lolwimi olubonisa izakhono zonxibelelwano olusisiseko nabanye abantu, unxibelelwano olo lufunekayo kwiimeko zentlalo kunye nezakhono zokuqiqa zemfundo ezibalulekileyo ekufundeni ikharityhulam. Ugxininiso kulo mgangatho wolwimi lusekufundiseni izakhono zokuphulaphula, ukufunda nokubhala. Lo mgangatho ukwanika abafundi ulwazi loncwadi, ukubonisa uthando lobuhle nokukwazi ukuzakhela umfanekiso ngqondweni. Oku kunika abafundi ithuba lokuyila ngokutsha, ukuyila engqondweni ilizwe abaphila kulo. Nangona kunjalo ugxininiso nexesha elabelwe ukuphula phula nokuthetha kwibanga lesi-7 ukuya phambili liba ngaphantsi kwelo lokufunda nokubhala kuba kugxininiswa kakhulu ekukhuliseni izinga lokufunda nokubhala kuba abafundi balungiselelwa imfundo ephakamileyo naxa beqalisa ukusebenza.

**Umgangatho woLwimi LokuQala eloNgezelelweyo** uthatha ukuba abafundi abanalo ulwazi lolu lwimi xa befika esikolweni. Kwiminyaka embalwa yokuqala ugqaliso lusekukhuliseni ulwazi lokuqonda nokuthetha ulwimi – izakhono zokunxibelelana ezisisiseko. Kwibanga lesi-2 nelesi-3 abafundi baqalisa ukukhulisa ukukwazi ukufunda nokubhala kwesi siseko sokuthetha. Bathi basebenzise izakhono zokufunda nokubhala abazifunde kuLwimi lwaseKhaya. KwisiGaba esiPhakathi nesiGaba esiPhezulu abafundi baqhubeka beqinisa izakhono zabo zokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala. Kweli nqanaba abantwana abaninzi bafunda ngokusebenzisa uLwimi lokuQala eloNgezelelweyo, oko kukuthi isiNgesi, kwaye kufuneka bafundiswe olu lwimi ngakumbi. Ugqaliso olumandla ngoko ke malube sekusebenziseni uLwimi LokuQala eloNgezelelweyo ngenjongo zokucinga nokuqiqa. Oku kubangela ukuba abafundi bakhulise izakhono zabo zokuqiqa, izakhono ezo abaza kuzifuna ukufunda ezinye izifundo ezifana neNzululwazi ngesiNgesi. Basebenza ngakumbi ngeetekisi zoncwadi kwaye baqalisa ukukhulisa izakhono zokuthanda ubuhle nokukwazi ukuyila engqondweni kulwimi lwabo olongezelelweyo.

Ngexesha abafundi befika kwisiBanga lesi 7 kufuneka babe bafikelele kwiqondo elamkelekileyo lokukwazi ukusebenzisa ulwimi lwabo olongezelelweyo ngokubhekiselele kwizakhono zokunxibelelana nabanye abantu nezokuqiqa abazisebenzisa ekufundeni. Nakuba kunjalo eliyinyani lelokuba kweli nqanaba abafundi abakakwazi kakuhle ukunxibelelana ngolwimi lokuqala elongezelelweyo. Ngoko ke umceli mngeni kwisiGaba esiPhakathi (amabanga 4-6) kukunika inkxaso abafundi ngaxesha linye banikwe ikharityhulam ezakwenza ukuba abafundi bafikelele kwimigangatho efunekayo kumabanga alandelayo. Kufuneka le migangatho ibe kwimo yokuba abafundi bakwazi ukusebenzisa uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo kwinqanaba eliphezulu ukubalungiselela imfundo ePhakamileyo okanye umsebenzi.

**Umgangatho woLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo** uthatha ukuba abafundi abanalo ulwazi lolu lwimi xa befika esikolweni. Ugxininiso kutyhilelo kuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo lusekuphuhliseni ukukwazi kwabafundi ukuqonda nokuthetha ulwimi-izakhono ezisisiseko zokunxibelelana nabanye abantu. KwiBanga lesi-4 – 6 abafundi baqala ukwakha izakhono zabo zokuthetha, zokufunda nokubhala. Bakwasebenzisa izakhono zabo zokuthetha nezokufunda nokubhala abasele bezifunde kuLwimi lwaseKhaya noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo.

KwiBanga lesi-4 – 6 abafundi bayaqhuba nokomeleza ukuPhulaphula nokuThetha kwabo ngelixa bekwaphuhlisa izakhono zabo zokuFunda nokuBhala. Ngethuba abafundi befika kwiBanga lesi-4, kufuneka bazame ukunxibelelana ngolwimi lwabo lwesiBini oloNgezelelweyo kunxibelelwano lwabo kwakunye nabanye abantu ekuhlaleni. Nakuba kunjalo liyinyani elokuba abafundi abaninzi baya kuba ngeli xesha bengakwazi kakuhle ukunxibelelana ngolwimi lwabo olongezeleweyo. Ngoko ke, umceli mngeni kwiBanga 1 – 3 kukunika aba bafundi inkxaso ngaxesha linye bekwanikwa ikharityhulam ezakwenza ukuba abafundi bafikelele kwimigangatho efunekayo kumabanga alandelayo. Kufuneka le migangatho ibe kwimo yokuba abafundi bakwazi ukusebenzisa iilwimi zabo ezongezelelweyo kwinqanaba eliphezulu ukubalungiselela imfundo ePhakamileyo okanye umsebenzi.

## 2.1.2 Injongo zokufunda uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo

### 2.1.2.1 Injongo (eziphangaleleyo)

**Ukukhuthaza iilwimi ezongezelelweyo**

Indlela yokufundisa ebandakanya iilwimi zonke sisxhobo esibalulekileyo sokudibanisa uluntu, kunye nokukhula komntu ngamnye noluntu luphela. UMzantsi Afrika lilizwe elibandakanya zonke iilwimi ezisemthethweni ezilishumi elinanye. Kubalulekile ke ngoko, ukuba abantwana bafunde iilwimi ezongezelelweyo kwamsinya kangangoko. Zikwakho ke iinzuzo ngokwengqiqo eziboniswa luphando, kuphuhlisa ukutshintsha engqondweni. Iilwimi ezongezelelweyo zifundeka ngcono kakhulu xa abantwana benesiseko esomeleleyo kuLwimi lwabo lwaseKhaya (HL). ULwimi lwaseKhaya luba sisiseko sokufunda iilwimi ezongezelelweyo kwimeko ebandakanya iilwimi zonke.

Xa abantwana beqalisa ukufunda ulwimi olongezelelweyo kwiBanga 1, nokuba kukumanqanaba oLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL) okanye olwesibini (SAL), kufuneka bakhe isiseko esomeleleyo sokuthetha ngomlomo, kananjalo nokuboniswa kokubhaliweyo kwezi lwimi. Kufuneka beve kakhulu ulwimi olulula, oluthethwayo abanako ukuluqonda kwimeko leyo. Ukuphulaphula utitshala **ebalisa aze afunde amabali** kwiincwadi ezinemizobo emikhulu (IiNcwadi eziNkulu) yindlela elungileyo yokwenza oku. Inika imeko enentsingiselo evakalayo ukuphuhlisa isigama, kwaye ixhasa uphuhliso lwamagama abantwana abawabona rhoqo. Njengoko ukuqonda kwabantwana kukhula, bayawafuna amathuba amaninzi okuluphulaphula baze baluthethe ulwimi ngeendlela ezilula. Bayawafuna amathuba okusebenzisana ngeenjongo ezizizo, umzekelo, kumabakala okuqala ingaba ngathi kukuphendula imiyalelo ngolwimi ekujoliswe kulo.

Kubalulekile ukugcina engqondweni ukuba xa abantwana benokufunda kwaye babhale ngoLwimi lwabo lwaseKhaya (HL), bangadlulisela olu lwazi lolwimi kunye nezakhono ekufundeni nasekubhaleni uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL) kunye nolwesiBini oloNgezelelweyo (SAL):

- Ingqiqo ngokusetyenziswa kwezandi-mazwi – Ukuba nako ukwahlula nokubiza amalungu amagama kunye nezandi.
- Ingqiqo ngobhalo-magama – Ukuqonda imibhalo ephepheni imele izandi.
- Ingqiqo nge-alfabhethi – Ukuqonda ukuba oonobumba bamele izandi nokuba oonobumba bayadibana ukwenza amagama nezivakalisi.
- Ukuqonda ukuba okubhaliweyo kunentsingiselo evakalayo, nokuba ukufunda kukufumana intsingiselo kokubhaliweyo.
- Ezinye iingqiqo zokubhaliweyo, umz. ukuba sifunda ukusuka ekhohlo ukuya ekunene.

Imikhwa nezimvo ngokufunda kwanokubhala – ukuba abafundi ngabafundi nababhali abazithembileyo kuLwimi lwabo lwaseKhaya (HL) abaqalisa ukuphuhlisa ubuchule, banganako ukudlulisa oku ekufundeni nasekubhaleni uLwimi lwabo lokuQala oloNgezelelweyo (FAL) ndawonye nolweSibini oloNgezelelweyo (SAL).

- Ulwazi lomthamo wokufundiweyo – Umthamo wokufundiweyo ngokugqibeleleyo kulwimi olunye udluliseka kolunye ulwimi, ngoko ke, ukuba isihloko senziwe kuLwimi lwaseKhaya, (HL) lunika isiseko sokuphuhlisa ulwimi kuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ndawonye nolweSibini oloNgezelelweyo.

Kumba woLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (**FAL)**, abantwana mababe nako ukufunda nokubhala ngokuzithemba kulwimi ekujoliswe kulo xa begqiba iBanga 3, ngakumbi xa beza kulusebenzisa njengolwimi lwabo lokufunda nokufundisa kwiBanga 4. Kumba woLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo apho ixesha elinikiweyo lilincinci, ugqaliso olungundoqo luya kuba lunxibelelwano ngomlomo.

Ngokufunda iincwadi ezilula ngoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL) ndawonye nolwesiBini oloNgezelelweyo (SAL), abantwana baya kufumana ukutyhileka kulwimi ekujoliswe kulo kwaye bandise nesigama sabo. Kwakhona bangasebenzisa izakhono zabo zokubhala ezitsha abazifumeneyo ukuxhasa uphuhliso lolwimi lomlomo (umz. ukubhala phantsi amagama kwincwadi yesigama, bubuchule obugqibeleleyo bokuphuhlisa isigama).

**Ukuphila nabantu bonke**

Intsusa yokwazisa uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo kukukhulisa ukuphila nabantu bonke nokwamkela iyantlukwano nokubandakanya (ulwimi, inkcubeko nohlanga) eklasini nasesikolweni. Ukufunda iilwimi kuphuhlisa ulwazi nokuxabisa iinkcubeko ezahlukeneyo. Ukufunda ulwimi olutsha makuquke izinto ezithi zenziwe zenkcubeko, amasiko kunye nemikhwa, umzekelo, “ukuthoba amehlo xa uthetha nomntu omdala, ukukhongozela ngezandla zozibini ukubonisa umbulelo (enkosi) njalo njalo.

Izikolo maziqinisekise ukuba ulwimi olufundiswa kwinqanaba loLwimi lwesiBini i oloNgezelelweyo lolunye lweelwimi zesiNtu ezisemthethweni ezisi- 9, nokuchongwa kolwimi kwenziwa ngokucebisana nabalawuli besikolo (SGB). Injongo ephambili yekharityhulam yolwimi lwesibini olongezelelweyo kukukhulisa ukusetyenziswa kweelwimi zesiNtu zemveli nokuxhasa abangathethi olu lwimi, ekufundeni ulwimi lwesiNtu kwinqanaba loLwimi lweSibini oloNgezelelweyo ubuncinane kwisiGaba esisisiSeko ukuqala kwiBanga 1. Iziphumo zophando zibonisile ezikolweni apho uLwimi lokuFunda nokuFundisa (LoLT) noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo lusisiNgesi okanye isiBhulu, abafundi beelwimi zesiNtu abaninzi abasebenzisani nabalingane babo kunye nootitshala kwezi lwimi zongamileyo. ULwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) luza kubonisa ukuvuleka kwamathuba kubafundi bonke ukubeka intetho ngezinye iilwimi ngaphaya kwesiNgesi nesiBhulu. Ootitshala bayakhuthazeka ekukhuliseni iilwimi ngaphaya kwesiNgesi nesiBhulu ukunceda iyantlukwano kunye nendlela yokufundisa equka iilwimi zonke.

#### 2.1.2.2 Iinjongo ngqo

Ukufunda uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo makwenze abafundi bakwazi:

- Ukufunda izakhono zolwimi eziyimfuneko ukuze banxibelelane ngokuchanekileyo nangoku fanelekileyo ngolo lwimi balufundayo, kwinqanaba elisisiseko;
- Ukuphulaphula, ukuthetha, ukufunda/ukubukela nokubhala/ukunikezela ngokuzithemba nangokonwaba okukhulayo. Ezi zakhono nezi ndlela zokucinga zisisiseko sokufunda kubomi gabalala;
- Ukubeka izimvo, iimbono neemvakalelo zabo ngomlomo nangokubhaliweyo ukwenzela ukuba babe ngabantu abacinga ngokukhululekileyo ngolu lwimi;
- Ukusebenzisa uLwimi oloNgezelelweyo lwabo nengqikelelo yabo ukuzikhangela nanga kumbi nokufunda banzi ngelizwe elibangqongileyo. Le nto iya kubenza bakwazi ukuthetha ngama va abo nezinto abazifunde ngobomi, loo nto beyenza ngomlomo nangokubhala;
- Ukusebenzisa olu lwimi ukufikelela nokulawula unxibelelwano lwabo kwezinye iimeko. Isak hono sokukwazi ukuqokelela nokucwangcisa ulwazi olufumeneyo sisiseko sokuphila kule mihla ‘yempucuko nolwazi’ sikwasisiseko sokufunda kubomi gabalala;
- Ukusebenzisa olu lwimi njengendlela yokudlulisa ulwazi malunga nezihloko abaziqhelileyo; ukuncokola ngoluhlu abaluqhelileyo lweetekisi; nokufunda iitekisi bezifundela ukuzonwabisa, ulwazi olu sisiseko nonxibelelwano.

### 2.1.3 Ukufundiswa koLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo

Ukuze ukwazi ukulufunda ngempumelelo uLwimi oloNgezelelweyo kufuneka uziqhelanise nalo kangangoko ukwenzela ukwakha ulwazi lokusebenzisa ulwimi kunye nolwazi olusisiseko kweetekisi ngeetekisi. Ootitshala kufuneka baqiniseke ukuba abafundi baphulaphula ze bafunde ulwimi olongezelelwayo befundela iinjongo ngeenjongo ngexesha elabiweyo. Abafundi bafuna amathuba okuphulaphula uLwimi oloNgezelelweyo bephulaphulela ulwazi nokuqonda (umz. Ingxoxo yababini), ukuzonwabisa (umz. ibali okanye ingoma). Ngaphezulu kwako konke, bafuna amathuba okufunda nokubukela ulwimi olongezelelweyo besenzela ukufumana ulwazi (umz. ingcaciso ngomfanekiso okhaphayo), ulonwabo (umz. imagazini) uncwadi oluncomayo (umz. umbongo). Uphando luveza ukuba eyona ndlela ibalulekileyo yokwakha isigama kukufunda ngamandla iitekisi ezifanelekileyo. Kubalulekile ukuba iitekisi zomlomo/zeorali, ezibhalwayo nezibonwayo zibe kumgangatho olungele bafundi. Ukuba iitekisi zinzima kakhulu, abafundi abayi kukhuthazeka kwaye abayi kufunda nto; kanti naxa zilula kakhulu aziyi kubacela mngeni kwaye kuya kuba kuncinci okufundwayo. Indima ebalulekileyo katitshala wolwimi kukulungelelanisa umgangatho wetekisi nomgangatho womfundi. KwisiGaba esiPhakathi siphela, abafundi mabaphulaphule ze bafunde iitekisi ezinobunzima obuya bukhula ngokukhula, ezihambelana nokukhulisa izakhono zolwimi zabo.

Kufuneka abafundi baziqonde ukuba bathethela ntoni. KwisiGaba esiPhakathi siphela, abafundi mabanikwe imisetyenzana yomlomo ehambelana nokukhulisa izakhono zabo zolwimi. Kuyimfuneko ukuba abafundi bafumane ingxelo rhoqo malunga nokubhala kwabo ukuze bazi ukuba kufuneka belungise phi, kanjani. Eyona nto ibalulekileyo kutitshala wolwimi kukunika eyona ngxelo ikumgangatho ophezulu esuka kokona kuhlola lusulungekileyo.

KwiBanga lesi-1 - 3, kubalulekile ukuba:

- Kubekho ugxininiso ekuphulaphuleni nasekuthetheni;
- Kubekho inkxaso eqhubekekayo ekwakheni isigama, ukwakhiwa kwezivakali nemihlathi kunye negrama esemxholweni;
- Abafundi basebenze ngeedidi zeetekisi ezahlukeneyo, eziquka iitekisi ezibonwayo. Ezi tekisi ziya zisiba nzima ngokuba nzima ngokuya kunyuka amabanga.

**2.1.4 Izakhono zolwimi zeLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo**

ULwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) luza kusetyenziswa kumaBanga-1 ukuya kwelesi-3 kuzo zonke iilwimi ezili-11 ezisemthethweni. Ugqaliso lweKharityhulam yoLwimi lwesiBini oloNgezeleweyo lusekuphuhlisweni kwezakhono zokunxibelelana ngomlomo. Ikharityhulam yoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) iza kuquka ezi zakhono ziphambili zizezi:

| | |
|---|---|
| • **UkuPhulaphula nokuThetha: Unxibelelwano ngomlomo nezakhono zokuphuhlisa ulwimi** | **UkuCinga nokuQiqa nezakhono zokwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi ziya kubandakanywa ekuphulaphuleni nasekuthetheni nakwizakhono zolwimi olukhulayo** |
| • **ULwimi Olukhulayo (Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi, ukufunda nokubhala okukhulayo)** | |

Ugqaliso loLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) lukufundiso **lolwimi ngokunxibelelana nophuhliso lwezakhono ezisisiseko zokunxibelelana nabantu (BICS).** Ugqaliso ikakhulu luya kuba kwimisebenzi yokuPhulaphula nokuThetha equka ukufunda ukubulisa, ukuphendula imiyalelo, ukwenza izicelo, esebenzisa ulwimi olubonisa imbeko, ethatha inxaxheba kwiingxoxo ezilula zababini esebenzisa amabinzana olwimi.

Xa utitshala esazisa uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) kwiBanga 1, ufuna indlela elula yokufumana ulwazi **ngo 'lwimi olongezelelweyo'** elusa kubafundi bakhe abancinane. Indlela elungileyo yokwenza oku kukusebenzisa iphaphethi, enokunikwa igama ngoLwimi oloNgezelelweyo, umzekelo, Iphaphethi uPule. Kwisifundo sokuqala, utitshala wazisa iphaphethi aze axelele abafundi ukuba uPule akakwazi ukuthetha ulwimi lwabo lwasekhaya; angathetha kuphela umz. iSetswana, ngoko ke baza kuthetha iSetswana noPule. UPule ngoko uza kusetyenziswa rhoqo kwiklasi yoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL). Utitshala unokwazisa iphaphethi yesibini (umz. uPalesa iphaphethi) ukubonisa intsebenziswano kwiklasi yoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) (umz. imibuliso).

Xa iilwimi zifundwa ngomlomo, kufuneka uphinda-phindo oluninzi ukuxhasa ukufunda ngentloko. Iingoma zentshukumo nemibongo, ukubalisa amabali ngokuphindiweyo nokufunda notitshala makube ngoko yeyona misebenzi ingundoqo yekharityhulam yoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL). Abantwana basenako nokufundiswa ulwimi olubonisa imbeko, umzekelo, imibuliso. Enye indlela esebenza kakuhle kukuphendula **kuKwenza imiYalelo ngokuPheleleyo (TPR),** oku yenye indlela yonxibelelwano **kungathethwa ngomlomo**, umz.abantwana baphendula imiyalelo ngendlela eyonwabisayo kusetyenziswa imidlalo njengo ' Ndifak'ingalo yam ndiphinde ndiyikhuphe'. Iingoma zentshukumo kunye nemibongo zezinye zeendlela ze TPR. Uphinda-phindo lweevesi eziphambili zesigama kunye namabinzana olwimi afundiweyo kumabali (abaliswayo nafundiweyo), iingoma nemibongo yimisebenzi emayenziwe rhoqo.

Isigama esiphambili namabinzana kumabali, iingoma kunye nezicengcelezo zinokusetyenziswa kwimo yaseklasini ukuze zifakwe kwinkqubo yemihla ngemihla, nokuba zandise amathuba okufundwa zize zisetyenziswe ngabantwana. Amagama eludongeni anokwenziwa ukukhumbuza ootitshala nabafundi ngesigama esifundisiweyo. Xa abantwana benako ukubhala uLwimi lwabo lwaseKhaya (HL), la magama bangawabhala kwizichazi-magama zabo.

Xa abantwana bekwazi ukufunda nokubhala ngoLwimi lwaseKhaya (HL) (ekupheleni kweBanga 1), banokukusebenzisa oku njengesixhobo sokufunda uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL). Umzekelo, banokufunda iiNcwadi eziNkulu ezinemizobo emininzi netekisi elula notitshala wabo. Banokufunda okubhaliweyo eklasini ngoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) (umz.iileyibhuli, amagama edongeni, iipowusta), baze bafunde iincwadi ezilula kakhulu ngoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) xa zikhona kwikona yokufunda. Basenokubhala amagama amatsha kwisichazi-magama (incwadi yesigama) baze bawafunde. Oku kuya kwenza abantwana batyhilekelwe luLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) kuze kubenze babe nesigama esikhulayo.

Ikharityhulam yoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) ilungiselelwe ngale ndlela ilandelayo:

- umxholo, iingqiqo nezakhono ema zifundiswe ngekota
- imigaqo yokwabiwa kwexesha
- iingcebiso ngohlolo olungekho  sesikweni
- uluhlu loovimba abacetyiswayo kwibanga ngalinye

**2.1.5  Iintlobo zelitheresi**

Izifundo zoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) ziquka ezomlomo, ezibonwayo, ezamanani kunye nokufunda ngeetekisi. Ootitshala bayakhuthazwa ukuba basebenzise uLwimi lwaseKhaya (HL) ukuxhasa ukufundiswa koLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) apho kufanelekileyo yaye kulungile. I-alfabhethi nendlela yokubhala ngesandla ezisetyenziswa kwiilwimi zesiNtu ziyafana nezesiNgesi nesiBhulu. Umzekelo, abafundi boLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) baya kukwazi ukubala nokunakana iisimboli zamanani kodwa beza kufunda amagama amanani ngolu lwimi lutsha. Ukusebenzisa iingoma zokubala nemibongo kuyakhuthazwa xa kufundiswa amagama amanani, iintsuku zeveki, iinyanga zonyaka, njl njl. Indlela yokufundisa ingqiqo ngezandi iya kuxhomekeka kulwimi olo lufundiswayo.

Ukubalisa amabali kuxhaswa ngezinto ezibonwayo neziviwayo, kuyakhuthazwa ukwazisa ukufundisa iitekisi kulwimi. IiNcwadi eziNkulu kwaneepowusta ezibonisa ingxoxo, ezinokubonwayo kuphela ziyacetyiswa kwiBanga 1. KwiBanga 2 iitekisi ezinamagama aphambili namabinzana olwimi mazisetyenziswe. KwiBanga 3 iitekisi ezinamagama alula aphindaphindwayo, amabinzana olwimi nezivakalisi mazisetyenziswe ukukhulisa ufundo lolwimi abalubona rhoqo.

**UkuPhulaphula nokuThetha**

Ukufunda ulwimi olongezelelweyo kufana nokufunda uLwimi lwaseKhaya, ngaphandle nje kokuba olongezelelweyo lufundwa kade kubomi bomntwana. Kunyaka wokuqala kubomi babo, abantwana beva ulwimi oluninzi olulula kwimo ekukuyo, into ke leyo ebenza baye befumana igrama nesigama solwimi lwabo lwasekhaya. Emva konyaka nangaphezulu, abantwana baqalisa ukuthetha uLwimi lwaseKhaya kodwa bengasebenzisi zivakalisi zizeleyo. Baqalisa ngokubiza igama elinye namabini, abawasebenzisa ukuxela iintsingiselo ezininzi neenjongo. Baba nako ukuqonda ulwimi oluninzi nolunzima ngaphezu kokuluthetha.

Kubalulekile kootitshala ukukugcina oku ezingqondweni xa abantwana befunda ulwimi olongezelelweyo. KwiBanga 1, abafundi kufuneka batyhilelwe kulwimi lomlomo oluninzi ngendlela yamabali nemiyalelo yaseklasini.Ukuphulaphula amabali ebaliswa yeyona ndlela ibaluleke kakhulu kubantwana ekufundeni ulwimi lwabo olongezelelyo. Utitshala kufuneka a:

- khethe ibali elilula elinempinda ngokwesakhiwo salo, elivumela abafundi basebenze ngetekisi ngokuphinda-phinda ngaxeshanye (amabinzana olwimi)
- agcine ulwimi lwakhe lulula kakhulu, athethe ngokucothayo kodwa ngelizwi lakhe
- asebenzise izijekulo, imifanekiso nezinto zenyani ukwazisa isigama esitsha nokuxhasa ukuliqonda ibali
- alibalise ibali amaxesha amaninzi, aye ebafaka abantwana ngakumbi nangakumbi, umzekelo ngokungenelela kwiindawo ezinempinda
- abhale isigama esiphambili kumakhadi aze awabeke kudonga lwamagama.

Enye indlela yokutyhilela abantwana ulwimi olongezelelweyo kukuphulaphula amabali (okanye iitekisi ezingenyaniso) afundwa ngutitshala.

Utitshala ufunda kwiNcwadi eNkulu, incwadi enemizobo emikhulu namagama amakhulu anako ukubonwa ngabafundi bonke ngelixa afundayo. Oku kubizwa ngokuba **'kukuFunda noTitshala'**. Olunye uncedo lokufunda notitshala kukuba iba ngowona msebenzi ubalulekileyo wokuphulaphula, ize iphuhlise kubafundi **ukufunda okukhulayo.** Abantwana bafunda, umzekelo, iingqiqo zokubhaliweyo (umz.ukuba siqala ukufunda kwiqweqwe lwencwadi size siphele ekugqibeleni kwayo, nokuba sifunda ukusuka ekhohlo ukuya ekunene nokusuka phezulu ukuya ezantsi ephepheni), baze baqalise ukunakana amagama ambalwa abhaliweyo ngolwimi olongezelelweyo (umz. inkwenkwe, intombazana). Abafundi mababe baqhelene nomsebenzi wokufunda notitshala ngenxa yokuba beza kwenza njalo kwizifundo zoLwimi lwaseKhaya (HL) noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL).Iza kuxhasa ufundo lolwimi ukuba eli bali linye libaliswa ngoLwimi lwaseKhaya (HL), ngoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL) noLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) xa kunokwenzeka.

Enye indlela ebalulekileyo yokutyhilela abantwana kulwimi olongezelelweyo kukubanika imiyalelo elula bayiphendule ngokwenza, umzekelo, utitshala uthi, **'Yiza apha, Thabo**,' ebonisa ngezijekulo, aze aphendule ngokwenza. Le ndlela yaziwa ngokuba **kuKwenza imiYalelo ngokuPheleleyo (TPR),** inceda kakhulu kuba utitshala ubona ngokukhawuleza ukuba uThabo uyaqonda na okanye akaqondi aze abonise ngokuphendula naye - okanye 'Wenze kakuhle, Thabo,' okanye awuphinde umyalelo ngokucothayo ngakumbi ngezijekulo ezicace kakhulu ngakumbi. Ulwimi lwaseklasini (umz. Yiza ngaphambili eklasini uze kuhlala emethini) lunika amathuba amaninzi okwazisa ngeendlela zendalo zokuphendula usebenzisa amalungu omzimba. Iingoma ezibonisa intshukumo kunye nemibongo nayo, ziindlela ezibaluleke kakhulu ukuhlanganisa ulwimi nokusebenzisa amalungu omzimba ngendlela exhasa ukuqonda nokufunda ngentloko ulwimi.

Uncedo lwezi ndlela zintathu zichazwe apha ngasentla (ukuphulaphula amabali, ukufunda notitshala kunye nokuphendula ngokusebenzisa amalungu omzimba) kukuba ugqaliso lwazo zonke lusekufundeni ulwimi ngokuphulaphula nokuqonda. Oku kukhulula abafundi abancinane ekuthetheni ngokunyanzeleka, kuphungula ixhala kubavumele bagqalise ekuqondeni ulwimi. Kodwa, ukuze babe ngabasebenzisi bolwimi abaphumeleleyo, abafundi kufuneka baziqhelise ukuthetha.

Ekuqaleni, ulwimi oluthethwa ngabafundi lolubonisa imbeko efundiweyo – iingoma ezifundwe ngentloko kunye nemibongo ebonisa intshukumo iyinxalenye **yolwimi olubonisa imbeko** efundwe **njengamabinzana olwimi**, umzekelo, **'Mholo, kunjani?' 'Ndiphilile, unjani wena?'** Kodwa ngokuhamba kwexesha, xa abantwana beqalisa ukuluqonda ulwimi olongezelelweyo, bafanele baqalise ukuthetha, ekuqaleni intetho enegama elinye namabini. Umzekelo, xa bephendula umbuzo katitshala, 'Nilithandile ibali?,' umfundi uyaphendula ' Ewe' okanye 'Hayi.**'** **Imidlalo** yindlela ebalulekileyo yokuqinisa ulwimi nokwenza abantwana bathathe inxaxheba ekufundeni. Umzekelo, utitshala angasebenzisa isangqa ukufundisa ulwimi olubonisa imbeko efundwayo. Umntwana omnye uqala ngokubuza '**Ungubani igama lakho?'** Olandelayo umntwana aphendule (umz. Zuki) aze abuze olandelayo umntwana '**Ungubani igama lakho?'** kuqhubeleke kude kuthethe wonke umntwana.

Ekuqaleni, ulwimi lomfundi aluthethayo eluva rhoqo lufuna ukusekelwa (nje ngokuboniswa kunye nokuxhaswa). Umzekelo, abafundi bangaqala ngokucengceleza/bacule iingoma ezinentshukumo kunye nemibongo, bephinda-phinda amabinzana olwimi, kuphinda-phindwa ngaxeshanye isigama baze emva koko bathathe inxaxheba kwimidlalo yokulinganisa, benze nengxoxo ngababini, njl njl. Ngoncedo lukatitshala, abantwana bangabalisa iindawo ezithile zebali besebenzisa impahla yeqonga (umz. iimaski, iiphaphethi, njl njl.). Utitshala kufuneka aqinisekise ukuba bonke abantwana bayawafumana amathuba okuthetha ngolu lwimi lutsha longezelelweyo kwimeko ekhuselekileyo nenika inkxaso. Kuba abantwana beza kuqhubeka ngesantya esingafaniyo, utitshala kufuneka avelise amathuba aquka ukuba bakhombe baze baxele amagama ezinto ezisemifanekisweni naseklasini, njl njl. Njengoko abantwana bedlula kumabanga ngamabanga, utitshala makalindele ukuba baza kuthetha ngakumbi yaye neentetho ziza kuba ndana.

Imisebenzi yokuPhulaphula nokuThetha iqulunqwe ngokwezihloko. Kuyacetyisa ukuba utitshala akhethe izihloko ezibini ngekota kwiBanga 1 nakwiBanga 2 aze akhethe zibe zithathu kwiBanga 3. Utitshala kufuneka akhethe izihloko ezinxulumene nokufundisa ulwimi olongezelelweyo. Izihloko mazibe zeziqhelekileyo kakhulu kubafundi, okungcono ebezike zasetyenziswa kuLwimi lwaseKhaya (HL) nakuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo.

Isizathu sokusebenzisa izihloko kukwenza lula ukusetyenziswa kwesigama esinye rhoqo nokwakhiwa kolwimi kwiimo ezinentsingiselo ecacileyo. Umzekelo, amagama anxulumene nomzimba (ubuso, amehlo, iindlebe, impumlo, umlomo, iingalo, imilenze, iinyawo) kunye neendawo ezakhiwe kuzo (Kha ukhombe ----. / Le yi/ngu/zii---------------- yam/wam/zam. /Ezi zii----------- zam / Le yi-------------- yam / La nga------------ am); kufuneka bezive rhoqo kwimo yazo, abafundi ke mabafumane amathuba okuzisebenzisa. Kuphela xa isigama nokwakhiwa kolwimi zisetyenziswa rhoqo, apho abafundi baya kukwazi ukuzikhumbula bazisebenzise.

**Ukufunda Okukhulayo**

KuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL), ugqaliso lukuphuhliso kufundo lolwimi abantwana abalubona rhoqo, njengolwimi lomlomo kwimisebenzi yokuphulaphula nokuthetha (iingoma, imibongo, amabinzana olwimi, imiyalelo, ukubalisa amabali), ingqiqo ngokusetyenziswa kwezandi-mazwi (ingqiqo ngezandi ezibizwayo nendlela ezi zandi ezibizwa kunye ngayo ukwenza amagama), ingqiqo ngokubhaliweyo, ulwazi ngezandi (uzalwano phakathi koonobumba nezandi , uqhekezo lwamagama, ubizo, ukwahlulahlula amagama) nezakhono zokubhala okukhulayo.

Izakhono zokubhala okukhulayo (umz. ukukhomba izinto, ukufunda imifanekiso, ulandelelwaniso lwemifanekiso, njl. njl.) zaziswa ngokubalisa amabali, Ukufunda notitshala, nokufunda ngokuvakalayo okuboniswa ngutitshala. Ekupheleni, kwiBanga 3 imisebenzi yokubhala ekhulayo inokudityaniswa nemisebenzi yokufunda ekhulayo.

**Ukuqonda nokuqwalasela izandi**

Isigaba sokuqala sokufunda ukwahlula-hlula ulwimi olubhaliweyo, sesomlomo usebenzisa ingqiqo ngokusetyenziswa kwezandi-mazwi kwakunye nezakhono zengqiqo ngezandi. Zombini ziingxelo kwangaphambili ezibalulekileyo nezithembekileyo zokuba nako ukufunda komntwana kwixesha elizayo. Iingcinga ngokufundisa izakhono **zokuqonda noqwalasela izandi** ziquka:

- Ukuva izandi eziphinda-phindwayo (ukudlala ngegama) kwiingoma nemibongo
- Ukuqhwaba amagama kwizivakalisi ezibizwayo
- Ukuqhwaba amalungu kumagama abizwayo
- Ukwahlula-hlula amagama abizwayo abe ngamalungu aze aphinde abizwe kwakhona ehlangene.
- Ukuchonga izandi ekuqaleni kumagama abizwayo
- Ukuqhwaba izandi ngazinye kumagama abizwayo
- Ukwahlula-hlula amagama abizwayo ngezandi aze aphinde abizwe kwakhona ehlangene.
- Ukuxela uzalwano loonobumba nezandi

Ingxoxo ezenzekelayo (incidental discussion) nokufundisa uzalwano loonobumba nezandi kulwimi olutsha mazenzeke kwiBanga 3. Ngeli xesha izandi kuLwimi lwaseKhaya (HL) noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL) ziya kuba sezisaziwa. Iingxoxo ziya kuba kwimfano neyantlukwano kwizandi zoonobumba be-alfabhethi kulLwimi wesiBini oloNgezelelweyo (SAL) umz. unobumba“**a**”  ant (kwisiNgesi); “**a**” appel (kwisiBhulu) no “**a**” abantwana (isiXhosa).

**UkuFunda noTitshala**

UkuFunda noTitshala yindlela eveleleyo yokufunda eza kusetyenziswa ukuphuhlisa izakhono zokufunda kuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo ukusuka kwiBanga 1 ukuya phambili. Ukufunda notitshala lugqaliso olubalulekileyo ekuphuhliseni ulwimi nokulufunda. Isizathu sokufunda notitshala kumaBanga 1 nele 3 kukutyhilela abafundi kulwimi lwabo lwesibini ngemeko enentsingiselo ecacileyo nenika inkxaso. Ikwaphuhlisa ukufunda ulwimi abalubona rhoqo ngolwimi lwabo olongezelelweyo. **Kwibakala leBanga 1**, utitshala maka:

- khethe iitekisi ezibonwayo, zinkulu, zilula kakhulu (umz. INcwadi eNkulu, iipowusta ezibonisa ingxoxo) zinemizobo emininzi ecacileyo.
- fake abafundi kwimisebenzi ‘yokuthetha bephethe imifanekiso’.
- balise ibali elimalunga nemifanekiso leyo.
- khuthaze abantwana baphindaphinde iindawo ebalini elibalisiweyo.

**KumaBanga 2 nele 3,** iitekisi zokuFunda noTitshala (IiNcwadi eziNkulu) maziquke **amagama, amabinzana olwimi kunye nezivakalisi ezifutshane.** Utitshala maka:

- thethe ngemifanekiso nabafundi ukuze basiqonde isigama.
- funde itekisi amaxesha amaninzi esebenzisa umnwe wakhe okanye ‘into yokukhomba’ ukunceda abafundi bamlandele utitshala njengoko eqhubeka netekisi.
- buze imibuzo ngebali.
- thi chu ukubafaka abafundi ‘ekufundeni’ ibali.
- bhale amagama aphambili (amakhadi amagama) ngomfanekiso aze awabeke eludongeni (angasetyenziswa nasekuziqheliseni, ukuphengulula nemidlalo).

**Ukuqonda**

KuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo ugqaliso kakhulu lusekuqondeni ngokuphulaphula nokubona. Oku kuphuhliswa ngokwakha isigama nokubuza imibuzo enceda abafundi basebenze ngetekisi. Utitshala makaqale ngokubuza imibuzo enxulumene netekisi ebonwayo, umz. axele amagama aze akhombe izinto kwanemibuzo elula ( Ngubani? Yintoni? Phi?).

### 2.1.6 Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi

KumaBanga 1 -3, ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi zifundwa ngoku ngenanjongo (incidental learning) ngokubatyhilela ngentsingiselo ecacileyo ulwimi lomlomo. Ukufunda ngoku ngenanjongo kuya kwenzeka ngokuphulaphula amabali, ukufunda notitshala, iingoma nemibongo, ngoKwenza imiYalelo ngokuPheleleyo (TPR), amabinzana olwimi kunye nolwimi olubonisa imbeko.

Umzekelo, xa utitshala eqalisa ibali elitsha, uza kufundisa isigama esebenzisa imifanekiso kunye ne/okanye izinto zenyani. Uza kubhala amagama emakhadini aze awabeke kudonga lwamagama. Uza kuwasebenzisa ekuziqheliseni nasekuphengululeni aze awafake kwimisebenzi nasemidlalweni.

### 2.1.7 Izihloko nemixholo

**Izihloko nemixholo** mazichongwe ngocoselelo ukuze ulwimi nesigama ziphinda-phindwe rhoqo, ngolo hlobo zibe ziyafundwa. Umzekelo izihloko ezinjengo- Mna zinokulandelwa luSapho lwam, Isikolo sam njl. njl. Ezi zihloko zinye zise nokuphindaphindwa zize zandiselwe amaBanga 2 no 3. Izihloko mazicwangciswe ngendlela eyenza uphuhliso lolwimi olusetyenziswa ekuhlanganeni koluntu esikolweni nangaphaya kwaso.

**Izihloko ezicetyiswayo:**

| IBanga 1 | IBanga 2 | IBanga 3 |
|---|---|---|
| Mna nomzimba wam | Mna nomzimba wam | Mna nomzimba wam |
| Abahlobo | Abahlobo | Abahlobo |
| Ikhaya lam | Ikhaya lam | Ikhaya lam |
| Usapho lwasekhaya | Usapho lwasekhaya | Usapho lwasekhaya |
| Iimpahla | Ukuya kuthenga | Ukuya kuthenga |
| Esikolweni | Esikolweni | Esikolweni |
| Imozulu | Imozulu | Imozulu |
| Izilwanyana | Izilwanyana | Izilwanyana |
| Abantu abasincedayo | Abantu abasincedayo | Abantu abasincedayo |
| Ukutya | Ukutya | Ukutya |
| Ezemidlalo | Ezemidlalo | Ezemidlalo |
| | | Amaxesha onyaka |
| | | Ezothutho |
| | | Ifama |
| | | Ezemidlalo |
| Imigcobo (iimini zokuzalwa, amatheko, njl. njl.) | Imigcobo (iimini zokuzalwa, amatheko, njl. njl.) | Imigcobo (iimini zokuzalwa, amatheko, njl. njl.) |

#### 2.1.8 Ukufundisa nendlela yokufundisa

Ukufundisa makukhuthaze ukufunda kunye ngokuncedisana nangokusebenzisana nokufundisa ukusebenza ngababini, imisebenzi ngamaqela amancinci, nabafundi mabanikwe amathuba amaninzi okuzithethela ngolwimi olutsha besebenzisa amabinzana olwimi (baphendule imibuliso, bazifake kwiingxoxo zababini, badlale imidlalo yolwimi, iingoma ezibonisa intshukumo njl.njl). Indlela esebenzisa izimvo ezahluka-hlukeneyo iyakhuthazwa. Olu lwimi lutsha malufundiswe ngendlela eyonwabisayo ngokuphinda-phinda iikhorasi, uKwenza imiYalelo ngokuPheleleyo (TPR), ukulinganisa ngomdlalo, ukucula iingoma ezinentshukumo kunye nemibongo exhaswa yimisebenzi yokubonwayo, okuviwayo nesebenzisa amalungu omzimba. Ootitshala mabafunele abafundi amathuba okusebenzisa baze babonise izakhono zolwimi olutsha abalufumeneyo (imibuliso ngeelwimi zontathu, bacule iingoma zokuzalwa, izinto zeekonsathi zesikolo, iimini zolonwabo, njl. njl).

#### 2.1.9 Ulawulo eklasini kunye nezixhobo zokufunda nokufundisa

Iiklasi zaseMzantsi Afrika ziziintlobo-ntlobo yaye zinobandakanyo. Kuqhelekile ukufumana abafundi abathetha ngaphezulu koLwimi lwaseKhaya olunye olusenokungabi luLwimi lokuFunda nokuFundasa (LoLT) lwesikolo. Kwezinye iimeko ulwimi olufundiswa njengelwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) lusenokuba luLwimi lwaseKhaya lwabanye abafundi. Kwiimeko ezinjalo utitshala wolwimi lwesibini olongezelweyo kuya kufuneka acwangcise imisebenzi ukuhlangabezana nabathetha uLwimi lwaseKhaya (HL) nabathetha olwesiBini oloNgezelelweyo (SAL). Ootitshala mabasebenzise abathetha ulwimi lwasekhaya njengomzekelo aze abaxhase ukuba bakhokele ngamaxesha okufundisana bebodwa apho banokuxhasa abafundi boLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) (abangaluthethiyo).

Ukusetyenziswa koLwimi lwaseKhaya makusetyenziswe okokuqala ukuxhasa ukufundiswa koLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL). Amagama eludongeni anokwenziwa ukukhumbuza utitshala nabafundi isigama esifundisiweyo kwiilwimi zontathu ezahlukeneyo ezifundisiweyo. Ootitshala bayakhuthazwa ukusebenzisa imibala ukwahlula phakathi kwesigama esiphambili soLwimi lwaseKhaya, uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo kunye nolwesiBini i oloNgezelelweyo. Imidlalo yolwimi enjengo (Ndifak'ingalo yam, ndiphinde ndiyikhuphe….; Intloko, amagxa, sifuba nengalo, sifuba nengalo….) ma isetyenziswe ukufundisa amabinzana olwimi nesigama esiphambili. Izixhobo zokufunda nokufundisa ezinjenge (izinxibo, iiphowusta zengxoxo, IiNcwadi eziNkulu, iNgqokelela yamabali, iingoma nemibongo, iimaski, iiphaphethi kuquka iiNcwadi eziNkulu ezenziwe ngutitshala nabafundi, iincwadi ezigoso-goso (zig-zag) mazisetyenziswe.

### 2.2 UHLOLO KULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO

Imisebenzi yohlolo kuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo ma yingabikho sesikweni, yaye ibe yeqhubekayo (baphendule imibuliso, imiyalelo, besakha imiyalelo, bacengceleze iingoma nemibongo enentshukumo, bangene kwiingxoxo ngababini, bathathe inxaxheba ekulinganiseni, baphendule amabali, baxele izinto, njl. njl.). Uhlolo oluninzi malwenzeke ngokulolonga, iimpendulo ngomlomo kunye nokubonisa. Utitshala ubhala iziphumo zohlolo ngokusebenzisa itshekhilisti. **ULwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) alusayi kuba sisizathu sokupasiswa nokutshoniswa kumaBanga 1– 3.**

### 2.3 UKWABIWA KWEXESHA NETHEYIBHULI YAMAXESHA

Ixesha lokufundisa elicetyiswayo kuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo kwisiGaba esisisiSeko yiyure e-1 ngeveki. Izikolo kengoko ziyakhuthazwa ukuba ziyisebenzise le yure i-1 ngobulumko ukufundisa u-SAL kumaBanga 1-3. Le theyibhuli yexesha ingezantsi yingcebiso nje:

- **Iiphiriyodi ezi-4 x 15 imizuzu ka-SAL ngeveki (Mvulo ukuya ngolweSine)**
- **Iiphiriyodi ezi-3 x 20 imizuzu ka-SAL ngeveki (umz. Mvulo ukuya kulweSithathu)**
- **Iiphiriyodi ezi- 2 x 30 imizuzu ka-SAL ngeveki (umz. ngoMvulo ukuya kulweSine)**

Itheyibhuli yamaxesha ka-SAL mayinikwe umkhomba-ndlela yindela ababiwe ngayo otitshala.

## 2.4 UKUNYUSELWA NOKUPASISWA KWABAFUNDI KUMABANGA 1-3

**Ukunyuselwa nokupasiswa kwababafundi kumaBanga 1 to 3** aluzo kutshintshwa ekufundwerni koLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL). ULwimi lwesiBini oloNgezelelweyo aluzukuthathwa nje ngelo kupasiswa nokunyuselwa abafundi.

## 2.5 UKUREKHODA NOKURIPOTA: AMABANGA 1-3

Inkqubela yoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo lifuna ukulandelwa ngokugcina ubungqina obukwi tshekilisti yoLwimi lwesiBini oloNgezelelwey,nencwadi yokuhlola, njl. Izikolo (ootitshala) ziyakhuthazwa ukuba ziripote kwindlela abantwana abaqhube ngayo kuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo kwiiripoti zabafundi zekota.

## 2.6 IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA

Utitshala kufuneka abe noku kulandelayo:

(a) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola

(b) *ILanguage in Education Policy* (*LiEP*)

(c) Isichazi-magama nezinye incwadi (i- thesaurus; i- encyclopaedia, nezinye incwadi ezinikuncedisa ukufundisa ulwimi, njl.)

(d) Izixhobo (LTSM) zesiGaba esisisiSeko zoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo:

- Isincwangciso sokufundisa
- INcwadi eziNkulu
- Iipowusta zokuxoxa ezinezihloko zika-SAL
- I-antholoji yamabali, yemobingo neengoma

(e) Ifayili/ incwadi katitshala yezixhobo. Le inokuba yifayile eyenziwe ngutitshala okanye incwadi katitshala ethengiweyo.

(f) Ukfikelela kwizixhobo zokufunda eklasini, izikolo kunye /okanye namathala encwadi ukuncedisa abafundi ekufundeni.

(g) DVDs nee CDs

**ICANDELO LESI-3: AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO ZOLWINI EMAZIFUNDISWE KULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL) AMABANGA 1-3**

| | IBANGA 1 | IBANGA 2 | IBANGA 3 |
|---|---|---|---|
| **UKUPHULA PHULA NOKUTHETHA** | • Uphendula imibuliso elula esebenzisa amabinzana olwimi (umz. ', Mholo,)<br>• Uyaphendula xa ebuliswa naxa kusithiwa 'ndlela ntle'.<br>• Ucula iingoma ezilula enze nezilinganiso encediswa (ngutitshala, ngababini nangamaqela) *(Iingoma ezihambelana nesihloko).*<br>• Wenza izicengcelezo ezilula kunye nezilinganiso encediswa ngutitshala, ngababini nangamaqela ,( ezihambelana nezihloko ezikhethiweyo).<br>• Uyaphendula kwimiyalelo (umz. Phakama/sukuma, hlala phantsi.)<br>• Ulandela imiyalelo elula eklasini (umz. 'qhwaba izandla zakho')kunye notitshala nangababini.<br>• Ukhomba izinto nemifanekiso eklasini (umz. 'ndibonise isitulo. Khomba e...').<br>• Udlala imidlalo yolwimi elula (umz.imidlalo efundisa ngamalungu omzimba notitshala ngamaqela nangababini.<br>• Usebenzisa ulwimi olubonisa imbeko (umz. 'ndiyacela', ' enkosi').<br>• Badlala imidlalo yokubulisa (ubuncinane izivakalisi ezibini) ngababini nangamaqela (e.g. '*Mholo Thabo, kunjani?' ' Mholo Thabo, ndiyaphila').*<br>• Uqala ukuphuhlisa okuthethwa ngomlomo (ukuphulaphula nokuthetha) isigama kusetyenziswe izihloko.<br>***Kubaliswa ibali***<br>• Uphulaphula amabali amafutshane abaliswa ngutitshala.<br>• Uphulaphula amabali amafutshane abaliswa ngutitshala aze aphinde amabinzana olwimi ngexesha elifanelekileyo.<br>• Ukhomba aze abize izinto ezisemfanekisweni. | • Uphendula aze alinganise imibuliso elula naxa kusithiwa 'ndlela ntle', esebenzisa amabinzana olwimi, (umz. '*mholo.' 'kunjani? .' 'ndiyaphila')* ngababini nangamaqela.<br>• Ucula iingoma ezilula enze nezilinganiso encediswa ngutitshala, ngababini nangamaqela.<br>• Wenza izicengcelezo ezinentshukumo ezilula kunye nezilinganiso encediswa ngutitshala, ngababini nangamaqela.<br>• Udlala imidlalo elula yencoko yababini encediswa ngutitshala elinganisa imibuliso naxa kusithiwa ndlela ntle, ngababini nangamaqela (umz. *'Mholo, igama lam ndingu ____. Ungubani wena igama lakho? Yintoni oyithandayo?').*<br>• Ukukhomba izinto nemifanekiso eklasini okanye emfanekisweni ngokomyalelo katitshala, (umz. '*ndibonise intombazana enxibe ilokhwe ebomvu').*<br>• Kuqala ukuphuhla isigama somlomo esebenzisa izihloko.<br>• Udlala imidlalo yolwimi elula (umz.imidlalo efundisa ngamalungu omzimba, notitshala ngamaqela nangababini.<br>• Akwazi ukwenza izicelo ezilula, (umz. 'Ndicela ukuya kwindlu yangasese, Ungandiboleka ipensile yakho?')<br>• Usebenzisa ulwimi olubonisa imbeko (umz. ndiyacela , enkosi, uxolo, ndiyaxolisa)<br>• Ulandela imiyalelo elula ngokwasemzimbeni enikwa ngutitshala eyedwa, ngababini nangamaqela amancinci (umz. 'Yima emgceni.')<br>• Aphendule imibuzo elula ebuzwa ngutitshala,ngabalingane abadlala indima katitshala (umz. 'Ungubani igama lakho? Uhlala phi?') | • Uyaphendula xa ebuliswa naxa kusithiwa 'ndlela ntle' ngokuzithemba.<br>• Akhumbule ngentloko aze enze izicengcelezo ezilula neengoma ngababini, ngamaqela ngokuzithemba nangokuzondelela.<br>• Usaqhuba nokuphuhlisa isigama somlomo esebenzisa izihloko.<br>• Uchonga umntu, isilwanyana okanye into ecaciswe ngokulula ngomlomo, basebenze ngababini nangamaqela amancinci. 'Ndinemilenze emibini. Ndiyakwazi ukubhabha. Ndiyintoni?')<br>• Uchonga amagama ezinto ezizizo kulwimi olutsha (umz. incwadi, ipensile, isihlangu, ihempe etc.)<br>• Uthatha inxaxheba kwimidlalo yolinganiso elula kunye nakwingxoxo yababini (enze izivakalisi ezibini ukuya kwezithathu) encediswa ngutitshala elinganisa imibuliso, xa kusithiwa ndlela ntle/intetho emfutshane basebenze ngababini nangamaqela amancinci.<br>• Akwazi ukwenza izicelo ezilula.<br>• Usebenzisa ulwimi olubonisa imbeko (umz. 'uxolo; ndiyaxolisa' ,Namhlanje, Ngomso, Izolo))<br>• Uthatha inxaxheba kwimidlalo yolinganiso, kwintetho emfutshane esebenzisa ulwimi olubonisa imbeko enze izivakalisi ezibini ukuya kwezine encediswa ngutitshala (umz.intlanganiso kunye nemibuliso) basebenze ngababini nangamaqela.<br>• Uthetha ngezinto azibona emfanekisweni elandela umyalelo katitshala (Umz. 'Ubona ntoni emfanekisweni?' )<br>• Udlala imidlalo yolwimi ngaphakathi nangaphandle kweklasi kunye nabalingane namaqela amancinci phantsi kweliso likatitshala.<br>• Uphendula asebenzise amalungu omzimba kwimiyalelo elula enikwa ngutitshala, ngabanye, nangababini.<br>• Aqonde aze aphendule imibuzo elula ebuzwa ngutitshala nabafundi abathatha indima katitshala (umz. 'Yintoni, Ngubani, phi, njani)<br>• Wenza izicelo ezilula enze ingxelo kulwimi olutsha encediswa ngutitshala (umz. 'Ndicela amanzi, 'Ndingaphuma ndiye kudlala phandle? ) |

<table>
<tr><th colspan="4">ICANDELO LESI-3: AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO ZOLWINI EMAZIFUNDISWE KULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL) AMABANGA 1-3</th></tr>
<tr><th></th><th>IBANGA 1</th><th>IBANGA 2</th><th>IBANGA 3</th></tr>
<tr><td>UKUPHULA PHULA NOKUTHETHA</td>
<td>Uphuhliso lwesigama , umxholo, nendlela yokusetyenziswa kolwimi<br>• Uphendula imibuliso nemiyalelo.<br>• Uphinda amabinzana olwimi ngokuzithemba.<br>• Uqala ukuphuhlisa isigama somlomo.</td>
<td>Kubaliswa ibali<br>• Uphulaphula amabali amafutshane alula abaliswayo okanye afundwayo ngolonwabo aze angenelele kwikhorasi aphinda-phinde amabinzana olwimi ngamaxesha afanelekileyo, ngababini nangamaqela amancinci.<br>• Uphulaphula amabali amafutshane alula anomdla angenelele kwimpinda yengoma ngexesha elifanelekiyo aphinde amabinzana olwimi xa kufanelekile, ngababini nangamaqela amancinci.<br>• Ubiza ezinye zezinto ezifumaneka emfanekisweni ephendula imibuzo ebuzwa ngutitshala (umz. yintoni? ngubani?)<br>• Uphendula imibuzo njengoko injalo malunga nebali encediswa yimifanekiso<br>(umz. yintoni, ngubani, phi)<br>• Ulinganisa iindawo ezithile zebali ethetha ngezandla okanye ngentloko enxibe impahla yeqonga (imaskhi, iphaphethi njl)<br>Uphuhliso lwesigama ,umxholo,nendlela yokusetyenziswa kolwimi<br>• Usaqhuba nokwakha isigama somlomo.<br>• Usebenzisa amabinzana olwimi ngokuzithemba.<br>• Uphendula izicelo ezilula nemiyalelo.<br>• Usebenzisa ulwimi olubonisa imbeko.<br>• Uqala ukuphuhlisa ukuqonda nokwazi ukusebenzisa ulwimi oluthethwayo olulula umz. izimelabizo (bona, yena, thina njl)<br>• Uphendula iindidi zemibuzo.<br>• Uqonda aze asebenzise izenzi kwincoko elula.<br>• Uphendula imiyalelo ngokufanelekileyo.<br>• Uphendula izicelo ezilula nemiyalelo.</td>
<td>• Banikana amathuba okwenza imiyalelo elula besenza imidlalo yolwimi kunye nabahlobo.<br>• Akwazi ukulandelelanisa imiyalelo emifutshane ukusuka kwemibini ukuya kwemithathu enikwa ngutitshala, (umz. ‘yiza nomhlobo wakho nime ngaphambili eklasini’)<br>• Uphulaphula ibali elilula ngakwenzileyo utitshala (izivakalisi ezibini).<br>• Uncediswa ngutitshala ukubalisa kwakhona ibali elilula (Isivakalisi esinye ukuya kwezibini), umz. abafundi babalisa ngemo yezulu.<br>Kubaliswa ibali<br>• Uphulaphula amabali amafutshane, abaliswayo nafundwayo ngomdla, angenelele kwisingqi sempinda yengoma ngexesha elifanelekileyo, aphinda- phinde amabinzana olwimi ngababini nangamaqela amancinane xa kufanelekile.<br>• Uphendula imibuzo elula malunga nebali ngobunjalo bayo ngeempendulo ezimfutshane (Ngubani,yintoni,phi)<br>• Ubonisa ukuqonda kwitekisi ezibonwayo<br>• Uphulaphula aze aphendule imibuzo kwibali elifutshane elilula elifundwe ngokukhwaza ngutitshala.<br>• Ulinganisa iindawo ezithile kwibali esebenzisa izandla okanye intloko aze anxibe iimpahla zeqonga (imaskhi, iphaphethi etc)<br>• Ubalisa iindawo ezithile zebali encediswa ngutitshala.<br>Uphuhlisa umxholo, isigama nokusetyenziswa kolwimi.<br>• Usebenzisa amabinzana olwimi ngokuzithemba.<br>• Uphendula izicelo ezilula nemiyalelo.<br>• Usebenzisa ulwimi olulula olubonisa imbeko.<br>• Uqala ukuphuhlisa ukuqonda ukusetyenziswa kokwakhiwa kolwimi oluthethwayo olulula umz. izimelabizo (bona, yena, thina njl)<br>• Uphendula iindidi zemibuzo<br>• Uqonda aze asebenzise izenzi kwincoko elula.<br>• Uphendula imiyalelo ngokufanelekileyo.<br>• Usaqhuba nokwakha isigama namabinzana olwimi kwincoko elula yababini.<br>• Usebenzisa izilanduli umz.(andikwazi ukuqubha)</td></tr>
</table>

| AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO ZOLWINI EMAZIFUNDISWE KULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL) AMABANGA 1-3 | | | |
|---|---|---|---|
| | IBANGA 1 | IBANGA 2 | IBANGA 3 |
| ULWIMI OLUKHULAYO | ***Ulwazi lwezandi***<br>• Uqhwaba abize amagama esebenzisa iingoma ezinentshukumo, izicengcelezo, izivakalisi ezifutshane zentetho. ( Ndiyabulela, njl.)<br>• Uqhwaba abize ilungu ngalinye legama. (Mho-lo), enze ingoma, isicengcelezo okanye ibali.<br>• Uqhwaba izandla/enze isandi ngeminwe / atsiba tsibe/angqishe kwilungu ngalinye legama, enze iingoma,izicengcelezo namabali, ( si-ya-bu-le-la)<br>• Uphulaphula izandi eziphinda phindwayo (kumdlalo wamagama)<br>• Uchonga izandi zokuqala emagameni (intloko, impumlo; njl.)<br>• Wahlula amagama ngokuqhwaba kwilungu ngalinye legama (umz. amagama afumaneka kwibali)<br>***Ukufunda noTitshala***<br>• Ubalisa amabali alula ahambelana nomxholo esebenzisa iiNcwadi eziNkulu ,imifanekiso,iphaphethi njl<br>• Uthetha ngemizobo kwiNcwadi eNkulu okanye iphowusta enemizobo encediswa ngutitshala.<br>• Uthetha rhoqo ngemizobo nemifanekiso aze aphinda-phinde isigama esingundoqo.<br>• Uphinda- phinda ebalisa ibali namabinzana olwimi.<br>• Uphulaphula ibali, elibaliswa ngutitshala ejonge imifanekiso.<br>• Uchonga izinto emfanekisweni (umz. .'khomba …")<br>• Uthetha ngemifanekiso ebalini esebenzisa uLwimi lweSibini oloNgezelelweyo noLwimi lwaseKhaya xa kukho imfuneko.<br>• Uthatha inxaxheba kwizifundo zebali ngokuphinda- phinda isigama esingundoqo athethe ngemifanekiso ngababini nangamaqela amancinci.<br>• Ufunda aphinda- phinde, angenelele kwimpinda yesingqi sengoma aze aphinda- phinde amabinzana olwimi ngababini nangamaqela amancinci.<br>• Ufunda isigama somlomo kwimifanekiso, imizobo, iphowusta, iNcwadi eNkulu<br>• Uthatha inxaxheba kwizifundo zebali ngokuphendula imibuzo elula yomlomo. | ***Ulwazi lwezandi***<br>• Uqhwaba izandla/ enze isandi ngeminwe / atsiba tsibe/ angqishe kwiilungu ngalinye legama, kumagama nakwizivakalisi eziqhelekileyo.<br>• Wahlula amagama ngelungu legama ngalinye aphinde awadibanise kwakhona ( umz. u-ma-ma, umama)<br>• Wahlula izandi kwisigama somlomo umz. u-ta-ta, utata.<br>• Uchonga izandi zokuqala emagameni.<br>• Uchonga izandi ekupheleni kwegama umz. baleka<br>• Uchonga izandi zokuqala emagameni nasekugqibeleni kwegama<br>• Wahlula izivakalisi zomlomo ngokuqhwaba ngegama ngalinye<br>***Ukufunda noTitshala***<br>• Uphulaphula ibali elifundwa ngutitshala ejonge imifanekiso kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemizobo<br>• Ufunda itekisi ngokukhwaza notitshala. Iklasi yonke ifunda ibali/okanye ibali eliyinyani notitshala<br>• Uthetha ngemifanikiso ebalini esebenzisa uLwimi lweSibini oloNgezelelweyo noLwimi lwaseKhaya xa kukho imfuneko.<br>• Uchonga izinto emfanekisweni aze azibize (umz. 'Ndibonise inja,' 'khomba ibhola.')<br>• Uphendula imibuzo elula encediswa yimifanekiso (umz. 'Ngubani? Yintoni? Phi?)<br>• Ufunda aphinda- phinde, angenelele kwimpinda yesingqi sengoma aze aphinda- phinde amabinzana olwimi, ngababini nangamamaqela amancinci.<br>• Uphendula imibuzo elula njengoko injalo malunga nebali.<br>• Uqalisa ukuqaphela amagama abhaliweyo ngoLwimi lweSibini oloNgezelelweyo kufundo notitshala.<br>• Ufunda isigama somlomo ebalini.<br>• Uqaphela aze afunde amanye amagama aqhelekileyo ngoLwimi lweSibini oloNgezelelweyo (SAL) umz imifanekiso exhonyiweyo eklasini.<br>• Ulinganisa iindawo ezithile ebalini esebenzisa izandla nentloko namabinzana alula olwimi aze asebenzise iimpahla zeqonga, imaski ngababini nangamaqela amancinci . | ***Ulwazi nokunakana izandi***<br>• Wahlula amagama ngelungu legama ngalinye aphinde awadibanise kwakhona.<br>• Usebenzisa ikhadi lokwahlula nokwakha amagama.<br>• Uchonga izandi zokuqala emagameni nasekugqibeleni kwegama.<br>• Uchonga inani lezandi kumalungu amagama aqhelelekileyo legama ngalinye.<br>• Uchonga oonobumba ababizwa ngokufanayo kuLwimi lwaseKhaya nakuLwimi lweSibini oloNgezelelweyo (umz. d, f, g, h, l, m, n, s, njl.).Wenza ubuncinane isandi sibe sinye ngeveki.<br>• Fundisa ezinye izandi ezahlukileyo.<br>• Bayaqhwaba bachonge izandi emagameni<br>• Bafunda izandi ezinomahluko kuLwimi lweSibini oloNgezelelweyo kwezo zifundwa kuLwimi lwaseKhaya<br>***Ukufunda noTitshala***<br>• Uphulaphula amabali amafutshane, aphinde abalise kwakhona iitekisi eziyinyani okanye afunde kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemizobo angenelele kwisingqi sengoma ngexesha elifanelekileyo.<br>• Ufunda itekisi ngokukhwaza notitshala. Iklasi yonke ifunda ibali elifanayo okanye ibali elingeyonyani<br>• Ulandela itekisi efundwa ngutitshala. Ufunda itekisi notitshala nabalingane efunda ngotyibiliko nangesantya esifanelekileyo ebonisa imvakalelo.<br>• Uphendula imibuzo elula njengoko injalo anike iimpendulo ezimfutshane ngebali *(phi ,yintoni,ngubani, njani)*<br>• Ubiza izinto ezifumaneka emfanekisweni, aphendule imibuzo katitshala nabalingane (umz. 'Yintoni le*?' Yintlanzi')*<br>• Uqaphela aze afunde amanye amagama aqhelekileyo ngoLwimi lweSibini oloNgezelelweyo (SAL) umz imifanekiso exhonyiweyo eklasini.<br>• Ufunda notitshala ngotyibiliko nangesantya esifanelekileyo umsebenzi wekota 1 & 2 ngamaqela amancinci.<br>• Ufunda notitshala, aqonde aze aphendule imibuzo njengoko injalo (*Ngubani, Yintoni, phi, njani )*<br>• Ulinganisa iindawo ezithile zebali, ngamaqela amancinci.<br>• Ulinganisa iindawo ezithile zebali esebenzisa incoko yababini enxibe iimpahla zeqonga, imaskhi, ngababini nangamaqela amancinci.<br>• Ngababini babalisa ibali kwakhona, ngoncedo lukatitshala. |

**IBANGA 1 ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO**

**IIMFUNO ZEKOTA NGANYE**

**IXESHA ELICETYISWAYO LOKUFUNDA NGEVEKI: IYURE E-1**

**IBANGA 1 IKOTA 1**

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**

**UMXHOLO/ IINGQIQO /IZAKHONO**

***Abafundi kufuneka batyhilelwe baboniswe ulwimi oluninzi olulula noluthethwayo abangaluqonda kwimeko leyo. Isigama kufuneka simana sihlaziywa rhoqo ukwenzela ukuba abafundi bangalibali. Ukufunda uLwimi lweSibini oloNgezelelweyo kufuneka kube kokukhululekileyo nokonwabisayo.***

***Kwisifundo sokuqala, iphaphethi ingasetyenziswa ukwazisa uLwimi lweSibini oloNgezelelweyo. Iphaphethi inganikwa igama ngoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo umz. uPule, iphaphethi. Utitshala makayazise iphaphethi athi uPule akanakuluthetha uLwimi lwaseKhaya, angathetha kuphela uLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo, ngoko ke abafundi kuya kufuneka bathethe olo lwimi kunye naye. UPule ke uya kuba yinxalenye rhoqo yeklasi yoLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo.***

***Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje kuphela. Kufuneka kuqinisekwe ukuba banazo iiNcwadi eziNkulu eziyimfuneko / iiphowusta/ imibongo, iingoma, imidlalwana nezinto ezizizo zesihloko abasikhethileyo.***

**Imisebenzi yeveki:**

Ubuncinane makwenziwe ibe mibini ngeveki kule misetyenzana ilandelayo:-

- Ukuphendula kwimibuliswana usebenzisa oku kulandelayo (umzekelo ‘Mholo’)
- Ukucula iingoma ezillula enze nentshukumo ekhokelwa (umz. intloko namagxalaba)
- Ukucengceleza imibongo elula aphinde enze nentshukumo ekhokelwa (umz. ndiphatha intloko yam, ndiphatha iinzwane zam, ndiphatha amadolo am, ndiphatha impumlo yam. Intloko, iinzwane, amadolo, impumlo!
- Ukudlala imidlalo yolwimi (umz okulula njengo USimoni uthi phatha intloko yakho njalo-njalo.)

***Ukuphuhliswa kokucingwayo, ulwazi ngamagama kunye nobume bolwimi***

- Ngokuthatha inxaxheba kule misetyenzana ingasentla: Ukuphendula kwimibuliso nakwimiyalelo.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso ngokuhlola *Okungekho seSikweni.***

**Ezomlomo ne/zenziwayo/ Okuphononongwayo**

- Ukuphendula kwimibuliso elula.
- Ukuthatha inxaxheba ekuculeni iingoma zentshukumo ezilula.

**IBANGA 1 IKOTA 1**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO**

**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (Phonological awareness) nokuFunda noTitshala ziditiyanisiwe nokuPhulaphula nokuThetha.**

**UMXHOLO/IINGQIQO/IZAKHONO**

**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (Phonological Awareness)**

- *Qhwaba njengoko ubiza amagama kwiingoma nemibongo yentshukumo.*
- Qhwaba izandla/ ngxolisa iminwe// xhuma/ ngqisha ngeenyawo ngokwamalungu egama umz.Si- ya-bon-ga

**Ukufunda noTitshala**

***Imisebenzi yenziwa kanye ngeveki kusetyenziswa iiNcwadi eziNkulu nemizobo emininzi okanye ezinye iindlela zombhalo owenziwe mkhulu waza wanemizobo. Kwale ncwadi inye ingafundwa amaxesha amaninzi iphinde kwakhona yaziswe phambili phaya. Utitshala wazisa amagama amatsha aphinde alinganise indlela yokufunda.***

- Ujongana noko kubonwayo kwiNcwadi eNkulu/ iiphowusta ezinengxoxo notitshala.
- Emva kokujongana nokubowayo okuphinda-phindeneyo, uphinda-phinda awona magama matsha angundoqo (jonga, yiva, yithi kwaye wenze).
- Ukubalisa ibali (amabali alula adityaniswe nomxholo apho kungenzeka khona) nezixhobo ezinje ngeNcwadi eNkulu, okubonwayo, iiphaphethi, njalonjalo.
- Emva kokubalisa ibali okuphindaphindeneyo, bayangenelela kuphindaphindo apho kukho ukuphindaphindwa kolwimi okukuko.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso ngokuhlola *Okungekho sesikweni:***

**Ezomlomo ne/zenziwayo/ Okuphononongwayo**

- *Qhwaba ubiza amagama kwiingoma nemibongo yentshukumo.*
- *Qhwaba izandla ngokwamalungu egama usebenzisa amagama ebalini elibaliswe emva kokubalisa okuphinda-phindiweyo.*
- Ujongana nokubonwayo ngokukhomba izinto emfanekisweni ephendula imiyalelo esuka kutitshala (umz. khomba i…….)

**IBANGA 1 IKOTA 2**

**UMXHOLO/IINGQIQO/IZAKHONO**

***Qaphela ukuba izihloko ezicetyisiweyo ziingcebiso nje. Kufuneka baqinisekise ukuba banazo iiNcwadi eziNkulu eziyimfuneko/ iiphowusta, imibongo, imidlalo kwakunye nezinto ezizizo eziyinyani zesihloko abasikhethileyo.***

**Imisebenzi yeveki.**

Ubuncinane makwenziwe ibe mibini le misetyenzana ilandelayo esifundweni evekini.

- Uqalisa ukuphuhlisa amagama amatsha athethwa ngomlomo esebenzisa izihloko ezikhethiweyo zale kota
- Uphendula kwimiyalelo elula (umz. ‘Mholo ... Unjani?’) notitshala nangababini.
- Ucula iingoma ezilula enze nentshukumo encediswa, notitshala nangababini.
- Uphendula kwimiyalelo (umz. phakama, hlala phantsi.)
- Udlala imidlalo yolwimi (umz. uSimoni uthi) *kunye notitshala nangababini.*

***Amabali abaliswayo angalinganiswa kusetyenziswa izijekulo kunye nezixhaso okanye izisekelo ukuzama ukuxhasa intsingiselo. Amabali abaliswayo kufuneka athathwe kwiNcwadi eNkulu, kwingqokelela yezicengcelezo okanye kwiphowusta enemifanekiso ukuzama apho abantwana banokubona imifanekiso. Ibali lixhaswa ngezinto ezibonwayo ezicacileyo, izinto, izinto zokudlala kunye neephaphethi.***

- Uphulaphula amabali amafutshane alula abaliswa ngomdla angenelele kwikhorasi okanye ulwimi oluziipateni (ukuphinda-phindwa kwamabinzana olwimi) ngexesha elifanelekileyo.

***Ukuphuhliswa kweengqiqo, amagama amatsha kunye* nokwakhiwa kolwimi.**

Ngukuthatha inxaxheba kule misetyenzana ingasentla:

- Uqalisa ukuphuhlisa inxalenye yamagama amatsha athethwa ngomlomo.
- Uphendula abuye aphinde inxalenye yamagama ahamba onke umz. Unjani?
- Uphendula kwimiyalelo.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso ngokuhlola *Okungekho seSikweni*:**

**Ezomlomo ne/zenziwayo/ Okuphononongwayo**

- Uphendula kwimiyalelo elula (umz. ‘Mholo ... Unjani?’)
- Uphendula ngokufanelekileyo kwimiyalelo elula (umz. uSimoni uthi…….)
- Ucula iingoma ezilula enze nentshukumo.

**IBANGA 1 IKOTA 2**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO**

**Ingqiqo ngokusetyenziswa kwezandi-mazwi *kunye nokwabelana ngokufunda kudityaniswe kunye nokuphulaphula nokuthetha.***

**Ingqiqo ngokusetyenziswa kwezandi-mazwi**

- Ukuva izandi eziphinda-phindiweyo (kumdlalo wamagama).
- Uqhwaba ebiza amalungu egama efaka amagama kwingoma, kwisicengcelezo, kwibali.
- Uqhwaba ebiza amalungu egama ngamazwi athethwayo (Mho-lo; njalonjalo.)

**UkuFunda noTitshala**

***Imisebenzi eyenziwe ubuncinane kanye ngeveki kusetyenziswa iiNcwadi eziNkulu ezinemizobo emininzi okanye ezinye iindlela zombhalo owenziwe mkhulu wanemizobo. Kwale ncwadi inye isngasetyenziswa amaxesha amaninzi kanti isenokuphinda yaziswe kwakhona phambili phaya. Utitshala wazisa amagama amatsha aphinde alinganise inkqubo yokufunda.***

- Ujongana noko kubonwayo kwiNcwadi eNkulu/ iipowusta ezinengxoxo notitshala.
- Emva kokujongana nokubowayo okuphindaphindeneyo, uphindaphinda awona magama matsha angundoqo (jonga, yiva, yithi kwaye wenze).
- Ukubalisa ibali (amabali alula adityaniswe nomxholo apho kungenzeka khona) nezixhobo ezinje ngeNcwadi eNkulu, okubonwayo, iiphaphethi, njalo-njalo.
- Emva kokubalisa ibali okuphinda-phindeneyo, uphinda-phinda awona magama amatsha kunye notitshala.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso ngokuhlola *Okungekho seSikweni.***

**Ezomlomo ne/zenziwayo/ Okuphononongwayo**

- Uthatha inxaxheba kumdlalo wamagama ngokuqhwaba ebiza amalungu amagama abiziweyo.
- Ujongana noko kubonwayo kwiNcwadi eNkulu/ iiphowusta ezinengxoxo notitshala, abuye aphindaphinde awona magama amatsha (jonga, yiva, yithi kunye no yenza).

**IBANGA 1 IKOTA 3**

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

***Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje. Ootitshala mabaqinisekise ukuba baneeNcwadi eziNkulu/iiphowusta, imibongo, iingoma, imidlalo, eziyimfuneko kunye nezinto zenyani ngesihloko abasichongileyo.***

***Imisebenzi yeveki***

Imisebenzi emibini ubuncinane kule misebenzi ilandelayo mayenziwe kwisifundo ngasinye:

- Uqalisa ukuphuhlisa isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha) esebenzisa izihloko ezikhethiweyo kule kota.
- Ukuphendula imibuliso elula ngokuzithemba ngababini.
- Ukukhomba izinto eziseklasini okanye emfanekisweni (umz. 'Ndibonise isitulo'. 'Khomba i ….')
- Ukucengceleza imibongo elula enze intshukumo notitshala nangababini.
- Ukulandela imiyalelo yeklasi elula (umz. 'Qhwaba izandla') notitshala nangababini.
- Ukuphendula imiyalelo esebenzisa imidlalo yolwimi (Ingoma: Kukh'umlilo kweziya ntaba; Amahotyazana/ Intloko, amagxa…..).
- Ukucula iingoma ezilula enze nentshukumo ngababini nangamaqela amancinci (umz. iingoma ezimalunga nezihloko ezikhethiweyo).
- Ukucengceleza imibongo elula enze intshukumo encediswa, ngamaqela amancinci (umz. imibongo elula emalunga nezihloko ezikhethiweyo).

***Amabali abaliswayo anokudlalwa kusetyenziswa izijekulo nezinxibo zeqonga ukuxhasa intsingiselo. Amabali abaliswayo makathatyathwe kwiNcwadi eNkulu okanye kwiphowusta enemizobo apho abantwana baza kubona imifanekiso.***

- Ukuphulaphula amabali amafutshane abaliswa ngolonwabo aze angenelele kwiikhorasi ngexesha elifanelekileyo (umz. KungoMvulo, kungoMvulo uThandi uya esikolweni, esikolweni, esikolweni!)
- Uxela ezinye zezinto ezisemifanekisweni (umz. "Yintoni le?' - ekhomba kwinto esemfanekisweni.)

***Ukuphuhliswa kweengqiqo, isigama nokwakhiwa kolwimi***

Ngokuthatha inxaxheba kule misebenzi ingasentla kuqalisa ukuphuhla kwesigama esithile somlomo.

- Uphindaphinda aze aphendule amabinzana olwimi.
- Ucengceleza imibongo aze acule iingoma.
- Ulandela imiyalelo.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso ngokuhlola Okungekho seSikweni*:***

**Ezomlomo ne/zenziwayo/ Okuphononongwayo**

- Ukuphendula imibuliso elula ngokuzithemba ngababini.
- Ukukhomba izinto eziseklasini okanye emfanekisweni (umz. 'Ndibonise isitulo'. 'Khomba i ….')
- Ukuphendula imiyalelo esebenzisa imidlalo yolwimi (Ingoma: Kukh'umlilo kweziya ntaba; Amahotyazana/ Intloko, amagxa…..)

**IBANGA 1 IKOTA 3**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO**

**Ukuqonda nokuqwalasela ulwimi nokuFunda noTitshala zidityaniswe nokuPhulaphula nokuThetha**

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

**Ukuqonda nokuqwalasela ulwimi *zidityaniswe nemisebenzi yokuphulaphula nokuthetha***

- Ukuva izandi eziphindiweyo ( kwimidlalo yamagama)
- Uqhwaba izandla / ngxolisa iminwe/atsibe/ungqisha ngeenyawo kumalungu amagama (ingoma, umbongo, ibali)
- Uqhwaba amagama kwizivakalisi ezibizwayo ezifutshane (ndiyabulela; ndiyavuya; enkosi; ndikhaba ibhola; njl.njl.)
- Uchonga izandi ezisekuqaleni kumagama abizwayo.

***UkuFunda notitshala***

***Imisebenzi eyenziwa kanye ngeveki kusetyenziswa iiNcwadi eziNkulu ezinemizobo emininzi okanye ezinye iintlobo zeetekisi ezinemizobo emikhulu. Le ncwadi inye inokufundwa amaxesha amaninzi yaye isenokuphinda yaziswe nakwixa elizayo.***

- Uphulaphula ibali elibaliswayo ngelixa elandela utitshala yaye ejonge emifanekisweni.
- Ufunda isigama somlomo kwitekisi ebonwayo (iNcwadi eNkulu, ipowusta njl.njl.)
- Uchonga izinto emifanekisweni (umz. 'Ndibonise utitshala kaThandi.')
- Uthetha ngemifanekiso esebenzisa **ulwimi lwasekhaya** apho kukhona imfuneko.
- Uthatha inxaxheba kwizifundo zebali ngokuphindaphinda isigama esiphambili nokusebenza ngezinto ezibonwayo ngababini nangamaqela amancinci.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso ngokuhlola:**

***Okungekho seSikweni***

**Ezomlomo ne/zenziwayo/ Okuphononongwayo**

- Ukuchonga izandi ekuqaleni kumagama abizwayo.
- Ukuthetha ngemifanekiso esebenzisa **ulwimi lwasekhaya** apho kukhona imfuneko.
- Ukuchonga izinto kwimifanekiso (umz. 'Ndibonise utitshala kaThandi.')

| IBANGA 1 IKOTA 4 |
|---|
| **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA** |
| **UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**<br><br>***Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje. Ootitshala mabaqinisekise ukuba baneeNcwadi eziNkulu/iiphowusta, imibongo, iingoma, imidlalo, eziyimfuneko kunye nezinto zenyani ngesihloko abasichongileyo.***<br>***Imisebenzi yeveki***<br><br>Imisebenzi elandelayo emibini okanye nangaphezulu ubuncinane mayenziwe kwisifundo ngasinye:<br>• Uqalisa ukuphuhlisa isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha) esebenzisa izihloko kuLwimi lwaseKhaya (HL) nolokuQala oloNgezelelweyo (FAL).<br>• Uphendula imibuliso elula noondlela-ntle (umz. “Ndlela-ntle” ‘Hamba kakuhle’ ‘Mholo’).<br>• Ukhomba aze axele izinto eziseklasini okanye emfanekisweni (umz. Ndibonise i…….kwiphowusta. Khomba i ….)<br>• Ulandela imiyalelo elula (umz. Abonise u”Hamba kakuhle”).<br>• Usebenzisa ulwimi olubonisa imbeko (umz. ‘ndicela’, ‘enkosi’).<br>• Uvuma iingoma ezilula aze enze intshukumo ngesikhokelo ngababini nangamaqela amancinci.<br>• Ucengceleza imibongo elula aze enze intshukumo ngokuncediswa, ngababini nangamaqela amancinci.<br>• Wenza izilinganiso ngemibuliso (izivakalisi ezi 2) *ngababini nangamaqela amancinci* (umz. Mholo Thando, Unjani? : Mholo Thando, Ndiphilile.)<br><br>***Amabali abaliswayo asenokudlalwa kusetyenziswa izijekulo nempahla yeqonga ukuxhasa intsingiselo. Amabali abaliswayo makathatyathwe kwiNcwadi eNkulu okanye iphowusta enemizobo apho bonke abantwana banako ukuyibona imifanekiso.***<br>• Uphulaphula amabali amafutshane ngolonwabo aze angenelele kwiikhorasi ngexesha elifanelekileyo (umz. amabali amalunga nezihloko)<br>• Uxela ezinye zezinto ezisemfanekisweni (umz. “Ngubani lo? – ekhomba kwinto/isilwanyana esisemfanekisweni)<br><br>***Uphuhliso lweengqiqo, isigama kunye nokwakhiwa kolwimi***<br>• Ngokuthatha inxaxheba kule misebenzi ingasentla uqalisa uphuhliso lwesigama somlomo esithile.<br>• Uphinda-phinda aze aphendule amabinzana olwimi.<br>• Uphendula imiyalelo.<br>• Usebenzisa ulwimi oluthile olubonisa imbeko. |
| **UKUHLOLA**<br>**Iingcebiso zomsebenzi wokuhlola okungekho sesikweni:**<br><br>***Ezomlomo ne/zenziwayo/ Okuphononongwayo***<br>• Ucula iingoma ezinentshukumo kunye nemibongo ngokuzithemba.<br>• Ulandela imiyalelo elula (umz. Phatha intloko yakho. Phatha iinzwane zakho.)<br>• Ulinganisa imibuliso (izivakalisi ezi 2) ngababini nangamaqela amancinci (umz. Mholo Thando, Unjani? Mholo Thando, Ndiyaphila.) |

**IBANGA 1 IKOTA 4**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO**

***Ingqiqo ngokusetyenziswa kwezandi-mazwi nokuFunda notitshala ziidityaniswe nokuphulaphula nokuthetha.***

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

***Ingqiqo ngokusetyenziswa kwezandi-mazwi***

***Le misebenzi ma idityaniswe nemisebenzi yokuphulaphula nokuthetha kunye nokuFunda notitshala***

- Uqhwaba izandla / ngxolisa iminwe/atsibe/ungqisha ngeenyawo kumalungu amagama kwizivakalisi ezibizwayo.
- Uchonga izandi ekuqaleni kwamagama abizwayo (intloko; phatha; cula njl.njl.)
- Uhlula amagama abizwayo ngokuqhwaba kwilungu ngalinye (umz. amagama ebalini)

***UkuFunda noTitshala***

***Imisebenzi eyenziwa kanye ngeveki kusetyenziswa iiNcwadi eziNkulu ezinemizobo emininzi okanye ezinye iintlobo zeetekisi ezinemizobo emikhulu. Le ncwadi inye inokufundwa amaxesha amaninzi yaye isenokuphinda yaziswe nakwixa elizayo.***

- Uphulaphula ibali okanye iitekisi ezingezinto zenyaniso ngelixa elandela utitshala ejonge nasemifanekisweni.
- Uthetha ngemifanekiso ekwibali esebenzisa ulwimi lwesiBini olongezelelweyo (SAL) kakhulu kodwa **nolwimi lwasekhaya** xa kukho imfuneko.
- Uchonga izinto ezisemifanekisweni (umz. 'Ndibonise i …' 'Khomba i …')
- Ufunda isigama somlomo esimalunga nezihloko ezinyuliweyo.
- Emva kokufunda ngokuphindaphinda, uyangenelela kwiikhorasi aze aphinde amabinzana olwimi apho kufanelekileyo ngababini nangamaqela amancinci.

Uthatha inxaxheba kwizifundo zebali ngokuphendula imibuzo elula ngomlomo.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso zomsebenzi wokuhlola okungekho sesikweni:**

***Ezomlomo ne/ezenziwayo/ Okuphononongwayo***

- Uhlula amagama abizwayo ngokuqhwaba kwilungu ngalinye
- Unakana aze axele ezinye izinto emifanekisweni.
- Emva kokufunda ngokuphinda-phinda, uyangenelela kwiikhorasi aze aphinde amabinzana olwimi apho kufanelekileyo ngababini nangamaqela amancinci.

**OOVIMBA ABACETYISWAYO BONYAKA**

- IIpowusta nemifanekiso ukuxhasa ukufundiswa kwamabali nesigama
- Umbala neetshati zamanani
- Iingoma nemibongo enentshukumo
- Izinto zenyani ezimalunga nezihloko.
- Izinxibo zeqonga ukudlala amabali, umzekelo, iimaski, iiphaphethi njl.njl.
- CDs, DVDs kunye neenkqubo zeTV
- iINcwadi eziNkulu (nezinto ezibonwayo)
- Ingqokelela yamabali, imibongo kunye neengoma
- IiNcwadi eziNkulu ezenziwe ngootitshala/abafundi, Iincwadi ezigoso-goso (zig-zag), iiphaphethi, iimaski, amakhadi amagama njl.njl

**IBANGA 2 ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO**

**IIMFUNO ZEKOTA NGANYE**

**IXESHA ELICETYISWAYO LOKUFUNDA NGEVEKI: IYURE E-1**

**IBANGA 2 IKOTA 1**

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZOMLOMO)**

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

Ootitshala mabakhethe izihloko ezibini eziyakubanceda ukwazisa nokubeka isigama esiyakubane sisetyenziswa nokuquka imisebenzi edweliswe ngezantsi.

**Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje.**

Ootitshala mabazame ukwenza yonke imisebenzi, bayiphinda-phinde ngaphezu kwesinye kangangako banako. Mabahlole umsebenzi wabafundi besebenzisa iMisebenzi yokuHlola oKungekho Sesikweni. Izihloko mazimvumele utitshala aphinde asebenzise ukusetyenziswa kolwimi / izakhi zolwimi ezilula naxa ethetha nabafundi ngoLwimi lweSibini oloNgezelelweyo.

**Imisebenzi yeveki**

Makwenziwe omnye nangaphezulu umsebenzi kule ingezantsi yonke imihla:

- Ukuqalisa ukuvelisa isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha) esebenzisa izihloko.
- Uphendula kwimibuliso elula nokuthi ndlelantle, esebenzisa amabinzana, *umz. 'Mholo' 'Unjani?' "Ndiphilile enkosi"* ngababini nangaqela amancinci.
- Wenza imidlalo yemibuliso (izivakalisi ezi-2) ngababini nangamaqela amancinci *(umz. Mholo Thando, Unjani? Mholo Nikiwe, ndiphilile enkosi)*
- Ukukhomba izinto eziseklasini okanye emfanekisweni xa enikwa umyalelo ngutitshala, umzekelo*, 'Ndibonise intombazana enxibe ilokhwe ebomvu.'*
- Usebezisa ulwimi olosulungekileyo (*umz. Ndiyacela no- enkosi)*
- Ucula iingoma ezilula enze nezilinganiso ngokuncediswa kwiklasi yonke, umzekelo, 'Le yindlela endinxiba ngayo ihempe, endinxiba ngayo ihempe, endinxiba ngayo ihempe".
- Ukuthatha inxaxheba kwizicengcelezo neengoma esenza izilinganiso, umzekelo, *"Iphin'inja yam encinane, Iphin'inja yam iphi?* Udlala imidlalo yolwimi, umzekelo, "uSimoni uthi", ngababini ngamaqela amancinci.

***Kanye ngeveki, utitshala ufunda okanye ubalisa ibali. Amabali afundiweyo angalinganiswa kusetyenziswe izijekulo ukubonisa inkcazelo. Amabali afundiswayo mawabe kwiiNcwadi eziNkulu nakwipowusta apho bangabona khona imifanekiso.***

- Uphulaphula amabali amafutshane abalisiweyo okanye afundiweyo ngomdla angenelele kwiikhorasi ngexesha elifanelekileyo aze aphinde ulwimi oluhonjisiweyo (amagama amafutshane) apho kufanelekileyo ngeklasi yonke.
- Ubiza ezinye zezinto ezise mfanekisweni ukuphendula imibuzo evela kutitshala, Yintoni, Ngubani?

***Ukuvelisa imixholo, isigama, nesakhiwo solwimi.***

Ngokuthatha inxaxheba kule misebenzi ingentla:

- Ukuqhubeleka ngokwakha isigama somlomo
- Ukuphinda- phinda ezinye izakhiwo zolwimi ngokuzithemba
- Ukwenza imiyalelo
- Ukusebenzisa izakhiwo zolwimi

**UKUHLOLA**

**Ingcebiso zokuhlola:** ***Okungekho seSikweni***

***Ezomlomo kunye/okanye ezenziwayo/Ezijongwayo***

- Ucula iingoma ezinemilinganiso nemibongo ngokuzithemba
- Ulandela imiyalelo ( *imiz. Bamba intloko yakho. Bamba inzwane zakho.)*
- Wenza imidlalo yemibuliso (izivakalisi ezi-2) ngababini nangamaqela amancinci (umz.  Mholo Thando, unjani? Nikiwe, ndiphilile enkosi)

**IBANGA 2 IKOTA 2**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO (EMERGENT LITERACY)**

**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (*Phonological awareness) nokuFunda noTitshala zidityanisiwe nokuPhulaphula nokuThetha.***

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

***Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi* (*Phonological Awareness)***

- Qhwaba izandla/ ngxolisa iminwe/ tsiba/ ngqisha ngenyawo kumagama ohluliweyo nakwizivakalisi ezithethwayo
- Yahlula amagama athethwayo
- Yahlula izivakalisi ezthethwayo zibe ngamagama ngokuqhwaba igama ngalinye, umzekelo, izivakalisi eziphuma kwibali.
- Ubona izandi ezisekuqaleni kwamagama athethwayo

***UkuFunda noTitshala  (ubuncinane bemizuzu engama-15 kanye ngeveki)***

***Utitshala ufunda isicatshulwa, ekhomba kumagama exoxa ngemifanekiso nomxholo webali. Uphinda asifunde isicatshulwa evekini, ekhuthaza abafundi ukuba bangenelele. Isicatshulwa sisetyenziswa ukufundisa isigama esitsha.***

- Umamela ibali elifundisiweyo ngutitshala ajonge nemifanekiso
- Uthetha ngemifanekiso ekwibali esebenzisa u-SAL kangangoko anako kodwa asebenzise **noLwimi lwaseKhaya** apho kuyimfuneko khona
- Ujonga izinto ezise mifanekisweni, umzekelo, 'Nidibonise indoda endala/ egugileyo.'  'Khomba inja.'
- Uphendula imibuzo elula yomlomo ngoncedo lwemifanekiso, umzekelo, 'Ngubani, Yintoni, Phi?'
- Uqala ukubona amanye wamagama ku-SAL kwimisebenzi yokuFunda noTitshala
- Ufunda isigama somlomo esiphuma kwibali
- Emva kokuphinda-phinda ukufunda, ungenelela kwikhorasi  aze aphinda-phinde amabinzana (language chunks) apho anakho, ngababini nangaqela amancinci

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso zokuhlola imisebenzi engekho sesikweni:**

**Ukuqonda izandi/ukuqwalasela izandi (Phonological Awareness)**

- Qhwaba amagama kwizivakalisi zomlomo/ezithethwayo
- Yahlula- hlula amagama omlomo/athethwayo

**UkuFunda noTitshala: (ngomlomo kunye/okanye ngokwenza)**

- Ujonga abanye babantu, izilwanyana kunye nezinto ezisemifanekisweni ekwiNcwadi eNkulu (okanye kwezinye izicatshulwa ezinkulu)
- Uphendula imibuzo elula yomlomo/ethethwayo ngebali
- Uqalisa ukubona amagama abhaliweyo ngo-SAL kwimisebenzi yokuFunda noTitshala.

| IBANGA 2 IKOTA 2 |
|---|
| **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZOMLOMO)** |

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

Ootitshala mabakhethe izihloko ezibini eziyakubanceda ukwazisa nokubeka isigama esiyakubane sisetyenziswa nokuquka imisebenzi edweliswe ngezantsi.

**Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje.**

Ootitshala mabazame ukwenza yonke imisebenzi, bayiphinda-phinde ngaphezu kwesinye kangangoko banako. Mabahlole umsebenzi wabafundi besebenzisa iMisebenzi yokuHlola oKungekho Sesikweni. Izihloko mazimvumele utitshala aphinde asebenzise ukusetyenziswa kolwimi / izakhi zolwimi ezilula naxa ethetha nabafundi ngoLwimi oloNgezelelweyo lweSibini.

**Imisebenzi yeveki**

Makwenziwe emibini nangaphezulu imisebenzi kule ingezantsi ngeveki:

- Ukuqalisa ukuvelisa isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha) esebenzisa izihloko.
- Uphendula kwimibuliso elula nokuthi ndlelantle, esebenzisa amabinzana, *umz. 'Mholo' 'Unjani?' "Ndiphilile enkosi"*.
- Wenza imidlalo yengxoxo emifutshane umzekelo, "Mholo, igama lam ngu__________.Ngubani igam lakho? Uthanda ntoni?
- Wenza izicelo ezilula, umzekelo, 'Ndicela ukuya kwindlu yangasese'.
- Usebenzisa ulwakhiwo lolwimi (formulaic language) (*umz. ndicela no enkosi)*
- Ukukhomba izinto eziseklasini okanye emfanekisweni xa enikwa umyalelo ngutitshala.
- Uphendula ngokwenza imiyalelo elula yomlomo ngababini nongamaqela amancinci, *umzekelo 'Yima emgceni.'*
- Ucula iingoma aze angenelele kwimibongo enemilinganiso/enentshukumo ngababini nangamaqela amancinci
- Udlala imidlalo yolwimi ngokweklasi

***Kanye ngeveki, utitshala ufunda okanye ubalisa ibali. Amabali afundiweyo angalinganiswa kusetyenziswe izijekuloukubonisa inkcazelo. Amabali afundiswayo mawabe kwiiNcwadi eziNkulu nakwipowusta apho bangabona khona imifanekiso.***

- Uphulaphula amabali amafutshane abalisiweyo okanye afundiweyo ngomdla angenelele kwiikhorasi ngexesha elifanelekileyo aze aphinde ulwimi oluhonjisiweyo (amagama amafutshane) apho kufanelekileyo ngababini nangaqela amancinci. Ubiza ezinye zezinto ezise mfanekisweni ukuphendula imibuzo evela kutitshala.

***Ukuvelisa imixholo, isigama, nesakhiwo solwimi.***

Ngokuthatha inxaxheba kule misebenzi ingentla:

- Ukuqhubeleka ngokwakha isigama somlomo
- Ukuphinda- phinda ezinye izakhiwo zolwimi ngokuzithemba
- Ukwenza imidlalo yengxoxo emifutshane umz. "Molo, igama lam ngu ________. Ngubani igama lakho? Uthanda ntoni?
- Wenza izicelo ezilula,umzekelo, 'Ndicela ukuya ezimfanelweni'

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso zokuhlola imisebenzi Engekho seSikweni:**

***UkuPhulaphula nokuThetha: (ngomlomo nango/ okanye ngokwenza)***

- Ukuphendula nokwenza imidlalo kwimibuliso elula nokuvalelisa, usebenzisa ulwimi olwakhiweyo, nagababini nangaqela amancinci, umzekelo, *Molo Pule. Unjani? Ndiphilile Palesa unjani wena?*
- Ubonisa ukuqonda isigama esilula ngokukhomba izinto eziseklasini/ umfanekiso esenza umyalelo ovela kutitshala.
- Ucula iingoma ezinemilinganiso nemibongo ngokuzithemba nangodlamko, ngababini nangamaqela amancinci

| IBANGA 2 IKOTA 2 |
|---|
| **UKUFUNDA OKUKHULAYO (EMERGENT LITERACY)**<br><br>**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (*Phonological awareness) nokuFunda noTitshala zidityanisiwe nokuPhulaphula nokuThetha.*** |
| **UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**<br><br>***Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi* (*Phonological Awareness)***<br><br>• Qhwaba izandla/ ngxolisa iminwe/ ngqisha ngeyawo wahlule amagama aqhelekileyo<br>• Yahlula udibanise amagama omlomo, umz. u-ma-ma, umama<br>• Yahlula udibanise izandi kumagama omlomo, umz. i-ya-ba-ba, iyababa.<br><br>***UkuFunda noTitshala  (ubuncinane bemizuzu engama-15 kanye ngeveki)***<br><br>***Utitshala ufunda isicatshulwa, ekhomba kumagama exoxa ngemifanekiso nomxholo webali. Uphinda asifunde isicatshulwa evekini, ekhuthaza abafundi ukuba bangenelele. Isicatshulwa sisetyenziswa ukufundisa isigama esitsha.***<br><br>• Umamela ibali okanye isicatshulwa esiyinyani logama elandela utitshala ejonge imifanekiso<br>• Uthetha ngemifanekiso ekwibali esebenzisa u-SAL kangangoko anako kodwa asebenzise **noLwimi lwaseKhaya** apho kuyimfuneko khona<br>• Ujonga izinto ezise mifanekisweni<br>• Uphendula imibuzo elula yomlomo ngoncedo lwemifanekiso, ‘Yintoni, Ngubani, Phi?’<br>• Ufunda isigama somlomo<br>• Emva kokuphinda-phinda ukufunda, ungenelela kwikhorasi  aze aphinda-phinde amabinzana (language chunks) apho anakho, ngababini nangamaqela amancinci<br>• Ulinganisa indawana zebali esebenzisa iintshukumo namagama amafutshane ngababini nangamaqela amncinci esebenzisa izinto eziphathwayo, iimaski neephaphethi.<br><br>**UKUHLOLA**<br><br>**Iingcebiso zokuhlola imisebenzi engekho sesikweni:**<br><br>**Ukuqonda izandi/ukuqwalasela izandi (Phonological Awareness)**<br><br>• Qhwaba izandla/ ngxolisa iminwe/ tsiba/ ngqisha ngenyawo kwisilabhuli kumagama aqhelekileyo zithethwayo<br>• Yahlula- hlula udibanise isilabhuli kumagama omlomo, umz. u-ma-ma, umama<br>• Yahlula- hlula udibanise izandi kumagama omlomo, umz. u-ba-ba, ubaba<br><br>**UkuFunda noTitshala: (ngomlomo kunye/okanye ngokwenza)**<br><br>• Uthetha ngemifanekiso kwiNcwadi eNkulu/ kwipowusta<br>• Uphendula imibuzo elula yomlomo/ethethwayo ngebali okanye ngetekisi eyinyani<br>• Emva kokuphinda-phinda ukufunda, ungenelela kwikhorasi aze aphinda-phinde amabinzana apho kufanelekileyo ngababini nangamaqela amancinci |

**IBANGA 2 IKOTA 3**

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZOMLOMO)**

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

Ootitshala mabakhethe izihloko ezibini eziyakubanceda ukwazisa nokubeka isigama esiyakubane sisetyenziswa nokuquka imisebenzi edweliswe ngezantsi.

**Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje. *Ootitshala mabakhethe ezabo izihloko ngokuxhomekeke kwingingqi zabo nezixhobo abanazo. Kufuneka baqinisekise ukuba banazo iiNcwadi eziNkulu/iipowusta/ imibongo, iingoma, imidlalo nezinto eziphathekayo zezihloko abazikhethileyo.***

Ootitshala mabazame ukwenza yonke imisebenzi bayiphinda-phinde ngaphezu kwesinye kangangoko banako. Mabahlole imisebenzi yabafundi besebenzisa iMisebenzi yokuHlola oKungekho Sesikweni. Izihloko mazimvumele utitshala aphinde asebenzise ukusetyenziswa kolwimi / izakhi zolwimi ezilula naxa ethetha nabafundi ngoLwimi oloNgezelelweyo lwesiBini.

**Imisebenzi yeveki**

Makwenziwe emibini nangaphezulu imisebenzi kule ingezantsi ngeveki:

- Uyaqhubeka ukuvelisa isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha) esebenzisa izihloko.
- Uphendula aze alinganise kwimibuliso elula nokuthi ndlelantle, esebenzisa amabinzana, ngababini nangamaqela amancinci, *umz. Mholo unjani? Ndiphilile enkosi*.
- Wenza imidlalo yengxoxo elula encediswa ngutitshala, elinganisa imibuliso nokuthi ndlelantle ngababini nangamaqela amancinci.
- Wenza izicelo ezilula, umzekelo, ‘Ndicela ukuboleka ipensile’.
- Usebenzisa ulwakhiwo lolwimi (formulaic language) (umz. ndicela no enkosi)
- Ukukhomba izinto eziseklasini okanye emfanekisweni xa enikwa umyalelo ngutitshala.
- Uphendula ngokwenza imiyalelo elula yomlomo ayinikwa ngutitshala eyedwa nangababini.
- Uphendula imibuzo elula ebuzwa ngutitshala nangabafundi abalinganisa utitshala, umzekelo, *‘Ngubani igama lakho? Uhlala phi?*
- Ucula iingoma aze angenelele kwimibongo ngokuzithemba ngababini nangamaqela amancinci.
- Udlala imidlalo yolwimi ngokweklasi

***Kanye ngeveki, utitshala ufunda okanye ubalisa ibali. Amabali afundiweyo angalinganiswa kusetyenziswe izijekuloukubonisa inkcazelo. Amabali afundiswayo mawabe kwiiNcwadi eziNkulu nakwipowusta apho bangabona khona imifanekiso.***

- Uphulaphula amabali amafutshane abalisiweyo okanye afundiweyo ngomdla angenelele kwiikhorasi ngexesha elifanelekileyo aze aphinde ulwimi oluhonjisiweyo (amabinzana) apho kufanelekileyo ngababini nangamaqela amancinci.
- Uphendula imibuzo elula ngebali ngeempendulo ezimfutshane (*Ngubani, Yintoni, Phi?)*
- Ubiza ezinye zezinto ezise mfanekisweni ukuphendula imibuzo evela kutitshala, ngababini.

***Ukuvelisa imixholo, isigama, nesakhiwo solwimi.***

Ngokuthatha inxaxheba kule misebenzi ingentla:

- Ukuqhubeka ngokwakha isigama somlomo
- Ukuphendula izicelo ezilula nemiyalelo
- Ukuphendula imibuzo elula ephuma kwibali
- Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo ezilula ngoncedo lukatitshala
- Uqala ukubonisa ukuqonda ukusebenzisa **ukwakhiwa kolwimi olulula** kulwimi olunengqiqo oluthethwayo, umz. Izimelabizo (mna, wena, thina njl.)

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso zokuhlola imisebenzi engekho sesikweni:**

***UkuPhulaphula nokuThetha: (ngomlomo nango/ okanye ngokwenza)***

- Uphendula ngokwenza imiyalelo elula yomlomo ebuzwa ngititshala, eyedwa nangababini.
- Uthatha inxaxheba kwimidlalo yengxoxo elula encediswa ngutitshala, elinganisa imibuliso nokuthi ndlelantle ngababini nangaqela amancinci.
- Ubiza ezinye zezinto eziphuma kwimifanekiso ekwisihloko okanye eseklasini.
- Udlala imidlalo yolwimi ngababini nangaqela amancinci.

**IBANGA 2 IKOTA 3**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO (EMERGENT LITERACY)**

**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (*Phonological awareness) nokuFunda noTitshala zidityanisiwe nokuPhulaphula nokuThetha.***

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

***Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi* (*Phonological Awareness)***

***Le misebenzi mayidityaniswe nemisebenzi yokuPhulaphula nokuThetha neyokuFunda noTitshala.***

- Uhlula izivakalisi zomlomo zibe ngamagama ngokuqhwaba igama ngalinye, umzekelo, izivakalisi eziphuma kwibali
- Uqhwaba ahlule amagama aqhelekileyo
- Ubona izandi ekuqaleni kwamagama abizwayo/athethwayo
- Ubona izandi ekupheleni kwamagama abizwayo/athethwayo, umz. baleka
- Uqhwaba izandi kumagama, umz. i-li-so, aphinde awadibanise, umz. iliso

***UkuFunda noTitshala (ubuncinane bemizuzu engama-15 kanye ngeveki)***

***Utitshala ufunda isicatshulwa, ekhomba kumagama exoxa ngemifanekiso nomxholo webali. Uphinda asifunde isicatshulwa evekini, ekhuthaza abafundi ukuba bangenelele. Isicatshulwa sisetyenziswa ukufundisa isigama esitsha.***

- Umamela ibali okanye isicatshulwa esiyinyani logama elandela utitshala ejonge imifanekiso
- Uthetha ngemifanekiso ekwibali esebenzisa u-SAL
- Ubona aze abize amagama ezinto ezisemfanekisweni esebenzisa u-SAL
- Ufunda isicatshulwa ngokukhwaza notitshala. Iklasi yonke ifunda ibali elifanayo okanye eliyinyani notitshala
- Uphendula imibuzo elula yomlomo ngoncedo lwemifanekiso, umzekelo, ‘Yintoni, Ngubani, Phi?’
- Uphendula imibuzo elula ephuma kwibali
- Ufunda isigama somlomo
- Emva kokuphinda-phinda ukufunda, ungenelela kwikhorasi aze aphinda-phinde amabinzana (language chunks) apho anakho, ngababini nangamaqela amancinci
- Ulinganisa indawana zebali esebenzisa iintshukumo kunye neengxoxo ezilula esebenzisa izinto eziphathwayo, iimaski neephaphethi, ngababini nangamaqela amancinci.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso zokuhlola imisebenzi engekho sesikweni:**

**Ukuqonda izandi/ukuqwalasela izandi (Phonological Awareness)**

- Qhwaba izandi kumagama aqhelekileyo
- Jonga izandi ekuqaleni kwamagama abizwayo/athethwayo
- Yahlula izivakalisi ngokwamagama ahlukeneyo ngokuqhwaba igama ngalinye, umzekelo, izivakalisi eziphu-ma kwibali

***UkuFunda noTitshala:* (ngomlomo nango/ okanye ngokwenza)**

- Ubona abize amagama ezinto ezise mfanekisweni esebenzisa u-SAL
- Uphendula imibuzo elula yomlomo ngebali okanye isicatshulwa esiyinyani
- Emva kokuphinda-phinda ukufunda, ungenelela kwikhorasi aze aphinda-phinde amabinzana (language chunks) apho anakho, ngababini nangamaqela amancinci
- Ulinganisa indawana zebali esebenzisa iintshukumo namagama amafutshane ngababini nangamaqela amncinci

| IBANGA 2 IKOTA 4 |
|---|
| **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZOMLOMO)** |

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

Ootitshala mabakhethe izihloko ezibini eziyakubanceda ukwazisa nokubeka isigama esiyakubane sisetyenziswa nokuquka imisebenzi edweliswe ngezantsi.

**Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje.*Ootitshala mabakhethe ezabo izihloko ngokuxhomekeke kwingingqi zabo nezixhobo abanazo. Kufuneka baqinisekise ukuba banazo iiNcwadi eziNkulu/iipowusta/ imibongo, iingoma, imidlalo nezinto eziphathekayo zezihloko abazikhethileyo.***

Ootitshala mabazame ukwenza yonke imisebenzi bayiphinda-phinde ngaphezu kwesinye kangangako banako. Mabahlole imisebenzi yabafundi besebenzisa iMisebenzi yokuHlola oKungekho Sesikweni. Izihloko mazimvumele utitshala aphinde asebenzise ukusetyenziswa kolwimi / izakhi zolwimi ezilula naxa ethetha nabafundi ngoLwimi oloNgezelelweyo lwesiBini.

**Imisebenzi yeveki**

Makwenziwe emibini nangaphezulu imisebenzi kule ingezantsi ngeveki:

- Uyaqhubeka ukuvelisa isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha) esebenzisa izihloko.
- Ucula iingoma ezilula enze nemilinganiso ngokuzithemba ngababini nangamaqela amancinci.
- Ucengceleza imibongo enze nemilinganiso ngokuzithemba ngababini nangaqela amancinci
- Uphendula aze alinganise kwimibuliso elula nokuthi ndlelantle, esebenzisa amabinzana, *umz.Usale kakukhle. 'Ndizakubona malanga*.'
- Uthatha inxaxheba kwimidlalo yengxoxo elula encediswa ngutitshala, elinganisa imibuliso nokuthi ndlelantle ngababini nangamaqela amancinci.
- Wenza izicelo ezilula, umzekelo, '*Ndicela ukuya kwindlu yangasese'.*
- Usebenzisa amabinzana (formulaic language) (umz. ndicela uxolo)
- Ukukhomba izinto eziseklasini okanye emfanekisweni xa enikwa umyalelo ngutitshala.
- Udlala imidlalo yolwimi ngokweklasi
- Uphendula imiyalelo elula ayinikwa ngutitshala ngokwenza eyedwa nangababini
- Uphendula imibuzo elula katitshala neyabafundi abalinganisa utitshala, umzekelo, '*Yintoni, Ngubani, Phi?'*

***Kanye ngeveki, utitshala ufunda okanye ubalisa ibali. Amabali afundiweyo angalinganiswa kusetyenziswe intshukumo ukubonisa inkcazelo. Amabali afundiswayo mawabe kwiiNcwadi eziNkulu nakwipowusta apho bangabona khona imifanekiso.***

- Uphulaphula amabali amafutshane abalisiweyo okanye afundiweyo ngomdla angenelele kwiikhorasi ngexesha elifanelekileyo aze aphinde ulwimi oluhonjisiweyo (amagama amafutshane) apho kufanelekileyo ngababini nangaqela amancinci.
- Ubiza ezinye zezinto ezise mfanekisweni ukuphendula imibuzo evela kutitshala ngababini.

***Ukuvelisa imixholo, isigama, nesakhiwo solwimi.***

Ngokuthatha inxaxheba kule misebenzi ingentla:

- **Ukuphendula imibuzo elula (umz. 'Ngubani igama lakho?')**
- Uyaqhubeka ukwakha nokulinganisa isigama asifundileyo namabinzana akwimidlalo yengxoxo elula
- Ubonisa ngentshukumo ukuphendula imiyalelo katitshala, imizekelo, *tsiba/ngcileza/tsiba-tsiba/bamba inzwane* zakho, njl. *Hamba ngokukhawuleza//ngokucotha njl*
- Ukwenza izicelo ezilula, umzekelo, '*Ndicela ukuya kwindlu yangasese'*
- Uqala ukubonisa ukuqonda ukusebenzisa **ukwakhiwa kolwimi olulula** kulwimi olunengqiqo oluthethwayo, umz. Izimelabizo (*mna, wena, thina njl.)*

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso zokuhlola imisebenzi engekho sesikweni:**

**UkuPhulaphula nokuThetha: (ngomlomo nango/ okanye ngokwenza)**

- Ukuphendula imibuzo elula ('umz. Ngubani igama lakho?')
- Uthatha inxaxheba kwimidlalo yengxoxo elula encediswa ngititshala, elinganisa imibuliso nokuthi ndlelantle ngababini nangamaqela amancinci.
- Wenza izicelo ezilula, umzekelo, '*Ndicela ukuya kwindlu yangasese'.*
- Wenza ngentshukumo ukuphendula imiyalelo katitshala, imizekelo, *tsiba/ngcileza/tsiba-tsiba/bamba inzwane* zakho, njl. *Hamba ngokukhawuleza//ngokucotha njl*

**IBANGA 2 IKOTA 4**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO (EMERGENT LITERACY)**

**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (*Phonological awareness) nokuFunda noTitshala ziditynisiwe nokuPhulaphula nokuThetha.***

**UMXHOLO / IINGQIQO / IZAKHONO**

***Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi* (*Phonological Awareness)***

- Qhwaba izandla kwizandi ezikumagama aqhelekileyo
- Yahlula  amagama omlomo abe kwizandi uphinde uwadibanise
- Ubona izandi ekuqaleni nasekupheleni kwamagama omlomo/abizwayo/athethwayo
- Yahlula izivakalisi zomlomo/ezibizwayo/ezithethwayo zibe ngamagama ahlukeneyo ngokuqhwaba kwigama ngalinye.

***UkuFunda noTitshala  (ubuncinane bemizuzu engama-15 kanye  ngeveki)***

***Utitshala ufunda isicatshulwa, ekhomba kumagama exoxa ngemifanekiso nomxholo webali. Uphinda asifunde isicatshulwa evekini, ekhuthaza abafundi ukuba bangenelele/. Ibali okanye isicatshulwa esiyinyani sisetyenziswa ukufundisa isigama esitsha.***

- Umamela ibali aze aphendule ibali okanye isicatshulwa esiyinyani logama elandela utitshala ejonge imifanekiso
- Uthetha ngemifanekiso ekwibali esebenzisa u-SAL
- Ubona achaze izinto ezise mifanekisweni esebenzisa u-SAL
- Ufunda isicatshulwa ngokukhwaza notitshala. Iklasi yonke ifunda ibali elifanayo okanye eliyinyani notitshala
- Uphendula imibuzo elula ngoncedo lwemifanekiso, Ngibani, Yintoni, Phi?
- Ufunda isigama somlomo
- Emva kokuphinda-phinda ukufunda, ungenelela kwikhorasi  aze aphinda-phinde  amabinzana   (language chunks) apho anakho, ngababini nangamaqela amancinci
- Ubona aze afunde amagama aqhelekileyo aku-SAL aseklasini, umz. Amagama aseludongweni.
- Ulinganisa indawana zebali esebenzisa iintshukumo namagama amafutshane esebenzisa izinto eziphathwayo, iimaski neephaphethi, ngababini nangamaqela amncinci.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso zokuhlola imisebenzi engekho sesikweni:**

**Ukuqonda izandi/ukuqwalasela izandi (Phonological Awareness)**

- Qhwaba izandi ezukumagama aqhelekileyo
- Yahlula amagama omlomo/abizwayo/athethwayo abe kwizandi uphinde uwadibanise kwakhona
- Bonisa izandi ezisekuqaleni nezisekugqibeleni kumagama omlomo/abizwayo/athethwayo
- Yahlula izivakalisi zomlomo/ezibizwayo/ezithethwayo zibe ngamagama ngokuqhwaba igama ngalinye

**UkuFunda: (ngomlomo kunye/okanye nokwenza)**

**Ujonga aze abize izinto ezikwimifanekiso ekwiNcwadi eNkulu/ ekwipowusta**

- Uphendula imibuzo elula ngebali esebenzisa iimpendulo ezimfutshane
- Emva kokuphinda-phinda ukufunda, ungenelela kwikhorasi  aze aphinda-phinde  amabinzana (language chunks) apho anakho, ngababini nangamaqela amancinci ngokuzithemba
- Ulinganisa indawana zebali esebenzisa iintshukumo nengxoxo ezilula ngababini nangamaqela ngokuzithemba nangodlamko.

**IZIXHOBO ZOKUFUNDISA EZICETYISWAYO ZONYAKA WONKE**

- IiNcwadi eziNkulu (ezingeyonyani) neziyinyani
- Ingqokelela yamabali,imibongo neengoma
- Iiposta nemifanekiso ukuncedisa ukufundiswa kwamabali nesigama
- Iitshati zemibala nezamanani
- Izinto eziphathekayo ezinxulumene nezihloko nemixholo
- Izinto eziphathekayo/ ezizizo (props) ukulinganisa amabali, imizekelo,iimaski, iiphaphethi, njl.
- iiCDs,iiDVDs neeprogramu zomabona kude
- Oonotsheluza beleyibhuli zezinto eziseklasini nezibonisway o
- Izinto zokukhomba xa kufundwa izicatshulwa ezinkulu,amabali asemadongweni, izinto ezibonisway o
- IiNcwadi eziNkulu ezenziwe ngootitshala/ngabafundi, iincwadi ezingo zig-zag, iiphaphethi, iimaski, onotsheluza, njl.

**IBANGA 3 ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO**
**IIMFUNO ZEKOTA NGANYE**
**IXESHA ELICETYISWAYO LOKUFUNDA NGEVEKI: IYURE E-1**

**IBANGA 3 IKOTA 1**

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA ( EZOMLOMO)**

**UMXHOLO/IINGQIQO/IZAKHONO**

Ootitshala mabakhethe izihloko ezithathu eziyakubanceda ukwazisa nokubeka isigama esiyakubane sisetyenziswa nokuquka imisebenzi edweliswe ngezantsi.

**Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje.** ***Ootitshala mabakhethe ezabo izihloko ngokuxhomekeke kwingingqi zabo nezixhobo abanazo. Kufuneka baqinisekise ukuba banazo iiNcwadi eziNkulu/iipowusta/ imibongo, iingoma, imidlalo nezinto eziphathekayo zezihloko abazikhethileyo.***

Ootitshala mabazame ukwenza yonke imisebenzi, bayiphinda-phinde ngaphezu kwesinye kangangako banako. Mabahlole umsebenzi wabafundi besebenzisa iMisebenzi yokuHlola oKungekho Sesikweni. Izihloko mazimvumele utitshala aphinde asebenzise ukusetyenziswa kolwimi / izakhi zolwimi ezilula naxa ethetha nabafundi ngoLwimi oloNgezelelweyo lwesiBini

**Imisebenzi yeveki**

Makwenziwe emibini nangaphezulu imisebenzi kule ingezantsi yonke imihla:

- Aqhube aphuhlise isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha ) esebenzisa imixholo okanye izihloko
- Achonge umntu, isilwanyana okanye into ephulaphule inkcazelo yomlomo enezikhokhelo ezibini ngababini okanye amaqela amancinci umz: ‘Ndinemilenze emibini. Ndiyakwazi ukubhabha. Ndingubani?’
- Acengceleze, enze imibongo neengoma ezimfutshane esebenzisa iintshukumo ngababini nangamaqela amancinci
- Athabathe inxaxheba kwimidlalo elula nentetho nqo enezivakalisi ezibini- ukuya kwezintathu ngoncedo luka titshala emfundisa imibuliso namatheko okuthi ndlela-ntle,njl-njl ngababini nangamaqela amancinci. Aphendule enze izicelo ezilula, umzekelo, ‘Ndicela amanzi’Asebenzise amabinzana (formulaic language) (umzekelo: ‘Ndicela uxolo; ’)
- Athethe ngezinto ezisemfanekisweni elandela imiyalelo katitshala
- Adlale imidlalo yolwimi
- Alandele imiyalelo emifutshane yomlomo ayinikwa ngutitshala eyedwa okanye ngababini esebenzisa amalungu omzimba.
- Aphendule imibuzo emifutshane ebuzwa ngutitshala, nabafundi bazenze ootitshala bebuza imibuzo, Umzekelo, Ngubani, ‘Intoni, Nini, Phi, Njani.

***Utitshala ubalisa okanye afunde ibali kanye evekini. Amabali abaliswayo anokudlalwa kusetyenziswa izijekulo nezixhobo ukuxhasa nokuphuhlisa intsingiselo. Amabali afundwayo mawathathwe kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso apho abantwana banokuyibona yonke imifanekiso.***

- Aphulaphule amabali amafutshane ewonwabela angenelele ngexesha elifanekileyo abonise nophinda-phindo lolwimi apho kufanelekileyo ngababini okanye ngamaqela amancinci
- Aphendule imibuzo emifutshane emayela nebali ngeempendulo ezimfutshane (Ngubani, Yintoni, Phi)

***Ukuvelisa imixholo, isigama, nesakhiwo solwimi.***

Ngokuthabatha inxaxheba kule misebenzi ingentla:

- Aqhube esakha, ebonisa indlela eyiyo yokusebenzisa isigama neengxoxo
- Ulwakhiwo lolwimi ( formulaic language) (Umz: Uxolo, ndicela uxolo)
- Aphendule imibuzo emifutshane ebuzwa ngutitshala nabafundi abathabatha indima katitshala, umzekelo, Yintoni, Ngubani, Nini,Phi,Njani
- Aqondisise, aqalise ukusebenzisa isakhiwo solwimi olufanelekileyo, Umz: ‘ndinga’: Ndinga tsiba / xhuma / baleka njl-njl. Ndingazibamba iinzwane zam.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso ngemisebenzi yokuHlola okungekho seSikweni :**

**UkuPhulaphula nokuThetha: (ezomlomo kunye/okanye ezenziwayo)**

- Abonakalise ukusiqonda isigama somlomo ngokuthi akhombe izinto ezisemfanekisweni
- Acengceleze, adlale imibongo neengoma ezimfutshane
- Athabathe inxaxheba kwimidlalo nakwi ngxoxo enezivakalisi ezibini ukuya kwezintathu ngenxaso katitshala ebonisa imibuliso nokuthi ndlela-ntle njl-njl. Ngababini nangamaqela amancinci
- Aphendule imibuzo emifutshane (umzekelo. ‘Uhlala phi?’)

**IBANGA 3 IKOTA 1**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO (EMERGENT LITERACY)**

**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (*Phonological awareness) nokuFunda noTitshala zidityanisiwe nokuPhulaphula nokuThetha.***

**UMXHOLO/INGQIQO/IZAKHONO**

***Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi* (*Phonological Awareness)***

- Wahlula adibanise amagama omlomo  Umz: u-ma-ma umama
- Uqonda izandi ezisekuqaleni nasekupheleni kwegama
- Uqonda ubudlelwane phakathi konobumba nezandi zononye ababizwa ngokufanayo ku Lwimi lwaseKhaya naku Lwimi lwesiBini oloNgezelelweyo (umzekelo. d, f, g, h, l, m, n, s, etc.). Yenza isandi sibe sinye ngeveki.
- Usebenzisa oonotsheluza ukwakha amagama (jonga, thetha, yenza)

***UkuFunda noTitshala  (ubuncinane bemizuzu engama-15 kabini ngeveki)***

***Utitshala ubalisa okanye afunde ibali kanye evekini.  Amabali abaliswayo anokudlalwa kusetyenziswa izijekulo nezixhobo ukuxhasa nokuphuhlisa intsingiselo. Amabali afundwayo mawathathwe kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso apho abantwana banokuyibona yonke imifanekiso.***

***. Utitshala ubhala amagama avela rhoqo ebaleni awabeke edongeni.***

- Ukuphulaphula amabali amafutshane, aphulaphule itekisi eyinyani okanye engeyonyani okanye afunde eNcwadinie eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso
- Ufunda itekisi ngokukhwaza notitshala. Iklasi yonke ifunda ibali elifanayo okanye itekisi eyi nyani notitshala
- Ulandela itekisi efundwe ngutitshala. Lonto ikhuthaza abafundi bafunde ngokuzithemba nangakumbi.
- Uphendula imibuzo elula ngebali enika neempendulo ezimfutshane, (Phi,Yintoni, Ubani, Njani, Nini)
- Ubiza ezinye izinto ezisemifanekisweni xa ephendula imibuzo esuka kutitshala nakwabanye abafundi, Umz: ‘Yintoni le?’  ‘Yintlanzi.’Udlala iindawana ezithile zebali, esebenzisa iingxoxo ngababini  okanye ngamaqela amancinci Uqwalasela, afunde amagama aqhelekileyo kuLwimi l lwesiBini oloNgezelelweyo (SAL) apha eklasini, umz: oonotsheluza.

**UKUHLOLA**

**Iingcebiso ngemiSebenzi yokuHlola okungekho seSikweni:**

**Ulwazi ngeezandi: (ezomlomo kunye/okanye ezenziwayo)**

- Wahlula udibanise amagama omlomo,umz: u-ma-ma umama
- Uqonda izandi ezisekuqaleni nasekupheleni kwegama
- Uqonda ubudlelwane bezikhamiso nononye kumagama aqhelekileyo kuLwimi lweSibini oloNgezelelweyo naku Lwimi lwaseKhaya

**UkuFunda noTitshala: (ezomlomo kunye/okanye ezenziwayo )**

- Ufunda ngokukhwaza notitshala
- Uphendula imibuzo ngebali enika iimpendulo ezimfutshane
- Ubonakalisa ukuqonda isigama esisetyenzisiweyo ebalini ngokuchaza amagama ezinto ezisemfanekisweni kwimpendulo yemiyalelo katitshala
- Emva kokuphinda- phinda ukufunda, ungenelela kwikhorasi ze aphinde izijekulo zolwimi apho kufanelekileyo ngababini nangamaqela amancinci
- Udlala iindawo ezithile zebali esebenzisa intshukumo nengxoxo ezilula ngababini namaqela amancinci

| IBANGA 3 IKOTA 2 |
|---|
| UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA ( EZOMLOMO) |

**UMXHOLO/INGQIQO/IZAKHONO**

Ootitshala mabakhethe izihloko ezibini eziyakubanceda ukwazisa nokubeka isigama esiyakubane sisetyenziswa nokuquka imisebenzi edweliswe ngezantsi.

**Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje. *Ootitshala mabakhethe ezabo izihloko ngokuxhomekeke kwingingqi zabo nezixhobo abanazo. Kufuneka baqinisekise ukuba banazo iiNcwadi eziNkulu/iipowusta/ imibongo, iingoma, imidlalo nezinto eziphathekayo zezihloko abazikhethileyo.***

Ootitshala mabazame ukwenza yonke imisebenzi, bayiphinda-phinde ngaphezu kwesinye kangangoko banako. Mabahlole umsebenzi wabafundi besebenzisa iMisebenzi yokuHlola oKungekho Sesikweni. Izihloko mazimvumele utitshala aphinde asebenzise ukusetyenziswa kolwimi / izakhi zolwimi ezilula naxa ethetha nabafundi ngoLwimi oloNgezelelweyo lwesiBini.

**Imisebenzi yeveki**

Makwenziwe emibini nangaphezulu imisebenzi kule ingezantsi ngeveki:

- Uqhuba ephuhlisa isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha ) esebenzisa imixholo okanye izihloko
- Uzikhumbuza enze imibongo emifutshane neengoma ezinentshukumo ngababini nangamaqela amancinci.
- Usebenzisa ulwakhiwo lolwimi (Umz: ‘Ndicela; Uxolo’) athabathe inxaxheba kwingxoxo ezimfutshane esebenzisa izakhiwo solwimi izivakalisi ezibini ukuya kwezintathu ngenxaso katitshala, umzekelo intlanganiso nemibuliso ngababini nangamaqela amancinci.
- Enze izicelo ezifutshane, umzekelo, ‘Ndingayithatha le ncwadi?’
- Uthetha ngezinto ezisemfanekisweni ukulandela imiyalelo katitshala, Umz; ‘Ubona ntoni emfanekisweni?’ ‘Ndixelele ubona ntoni emfanekisweni.’
- Uqonda umntu, isilwanyana okanye into ayiboniswa ngmlomo, ngezikhokhelo ezibini ngezibini nangamaqela amancinci ‘Ndinemilenze emibini. Ndiyakwazi ukubhabha. Ndiyintoni?’
- Udlala imidlalo yolwimi ngababini namaqela amancinci
- Uphendula ngokubonisa intshukumo kwimiyalelo yomlomo katitshala eyedwa nangababini
- Uphendula imibuzo ebuzwa ngutitshala nabafundi abathatha indawo katitshala, Umz: ‘Intoni, Ngubani, Phi, Njani

***Kanye ngeveki, Utitshala ufunda okanye abalise ibali. Amabali anokudlalwa kusetyenziswa intshukumo yomziba nezikhokhelo ukuxhasa / ukuphuhlisa intsingiselo. Makusetyenziswe amabali aphuma kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso ezobonwa ngabafundi.***

- Bamamela amabali amafutshane besemdleni bangenelele ngexesha elifanelekileyo bephinda-phinda ngababini okanye amaqela amancinci
- Baphendula imibuzo emayela nebali ngempendulo ezimfutshane
- Banxulumanise imifanekiso nokubhaliweyo

***Ukuvelisa imixholo, isigama, nesakhiwo solwimi***

Ngokuthatha inxaxheba kule misebenzi ingentla:

- Uqhubekeka nokukhulisa isigama
- Udlala imidlalo emifutshane athabathe inxaxheba kwiingxoxo esebenzisa isakhiwo solwimi (2-3 yezivakalisi) ngoncedo luka titshala.
- Kukhula ukuqonda nendlela yokusebenzisa ulwakhiwo lolwimi ngentetho evakalayo,umz:, uqala ukusebenzisa u-ndiyakwazii ;: Ndiyakwazi ukubaleka/ Igama eliphikisayo/ Andikwazi ukubaleka

**UKUHLOLO**

**Ingcebiso zohlolo olungekho seSikweni:**

**UkuPhulaphula nokuThetha: (ezomlomo)**

- Ubonakalisa ukuqonda ukusetyenziswa kolwimi olulula ngokuthi achaze amagama ezinto
- Ucengceleza enze imibongo nengoma ezinentshukumo ngokuzithemba
- Uphendula ngentshukumo yomzimba elandela imiyalelo ayinikwe ngutitshala eyedwa nangamaqela amancinci
- Udlala imidlalo athabathe nenxaxheba kwiingxoxo ezimfutshane esebenzisa isakhiwo solwimi (2-3 izivakalisi) ngoncedo luka titshala, umz; intlanganiso nokubulisa ngababini nangamaqela amancinci
- Uphendula imibuzo elula ebuzwa ngutitshala nangabanye abafundi

| IBANGA 3 IKOTA 2 |
|---|
| **UKUFUNDA OKUKHULAYOPHUHLISIWEYO (EMERGENT LITERACY)**<br>**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (*Phonological awareness) nokuFunda noTitshala ziditanisiwe nokuPhulaphula nokuThetha*** |
| **UMXHOLO/INGQIQO/IZAKHONO**<br>***Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi* (*Phonological Awareness)***<br>• ***U***qhwaba izandi (phonemes) ngamazwi<br>• Uqonda isandi esisekuqaleni nasekupheleni kwegama<br>• Uqonda ubudlelwane phakathi konobumba nezandi zononye ezingomabizwa-fane kuLwimi lwaseKhaya nakuLwimi lweSibini oloNgezelelweyo (e.g. d, f, g, h, l, m, n, s, etc.). Yenza isandi sibesinye ngeveki<br>• Ufundisa izandi ezohlukileyo, umz;. Izikhamiso<br>• Usebenzisa amakhadi oonobumba (jonga, yitsho and yenza)<br>***UkuFunda noTitshala (ubuncinane bemizuzu engama-15 kabini ngeveki)***<br>***Utitshala ubalisa okanye afunde ibali thathu evekini. Amabali abaliswayo anokudlalwa kusetyenziswa izijekulo nezixhobo ukuxhasa nokuphuhlisa intsingiselo. Amabali afundwayo mawathathwe kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso apho abantwana banokuyibona yonke imifanekiso.***<br>***Utitshala ubhala amagama avela rhoqo ebaleni awabeke edongeni.***<br>**Imisebenzi yeveki**<br>Utitshala angenza omnye omde okanye emibini ukuya kwemithathu emifutshane ngeveki.<br>• Umamela amabali amafutshane, ubalisa amabali etekisi okanye afunde itekisi esuka kwiNcwadi eNkulu okanye imifanekiso ebonisayo, ngothakazelelo angenelele kwikhorasi ngethuba elifanelekileyo<br>• Ufunda itekisi ngokukhwaza. Iklasi yonke ifunda ibali elinye eliyinyani notitshala<br>• Ulandela itekisi efundwe ngutitshala aqaphele amagama asetyenziswa rhoqo awafunde ngokuzithemba<br>• Uphendula imibuzo elula ngebali enika iimpendulo ezimfutshane. (Phi Yintoni Ngubani, Njani)<br>• Uchaza ezinye zezinto ezisemfanekisweni ukuphendula imibuzo, umz: ‘Yintoni le?’ ‘Yintlanzi.’<br>• Udlala ibali esebenzisa ingxoxo ngababini nangamaqela amancinci<br>• Ngoncedo lukatitshala, uchaza ezinye iindawo ngebali ngababini.<br>• Uqonda afunde amanye amagama asetyenziwa rhoqo kwizinto ezilapha eklasini ngo- SAL, umz:. idispleyi |
| **UKUHLOLA**<br>**Ingcebiso zohlolo olungekho sesikweni:**<br>**Ulwazi ngeezandi: (ezomlomo kunye/okanye ezenziwayo)**<br>• Yohlula udibanise amagama omlomo, umz: u-ma-ma umama<br>• Uqonda izandi ezisekuqaleni nasekupheleni kwegama<br>• Uqonda ubudlelwane bezikhamiso nononye kumagama aqhelekileyo kuLwimi lweSibini oloNgezelelweyo naku Lwimi lwaseKhaya<br>**UkuFunda noTitshala: (ezomlomo kunye/okanye ezenziwayo**<br>• Ufunda ngokukhwaza notitshala<br>• Uphendula imibuzo elula ngebali<br>• Ubonakalisa ukusiqonda isigama esisetyenziswe ebalini ngokuthi anike amagama ezinto ezisebalini ephendula imibuzo katitshala.<br>• Emva koku phinda-phinda ukufunda, uyangenelela kwikhorasi asebenzise amabinzana ( language chunks) apho kufaneleke khona ngababini nangamaqela amancinci<br>• Udlala indawo ezithile ebalini esenza intshukumo yomzimba esenza nengxoxo elula ngababini nangamaqela amancinci |

| IBANGA 3 IKOTA 3 |
|---|
| **UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA (EZOMLOMO)** |

**UMXHOLO/ INGQIQO/ IZAKHONO**

Ootitshala mabakhethe izihloko ezithathu eziyakubanceda ukwazisa nokubeka isigama esiyakubane sisetyenziswa nokuquka imisebenzi edweliswe ngezantsi.

**Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje.** ***Ootitshala mabakhethe ezabo izihloko ngokuxhomekeke kwingingqi zabo nezixhobo abanazo. Kufuneka baqinisekise ukuba banazo iiNcwadi eziNkulu/iipowusta/ imibongo, iingoma, imidlalo nezinto eziphathekayo zezihloko abazikhethileyo.***

Ootitshala mabaqinisekise ukuba banazo iincwadi ezinkulu ezifanelekileyo/ipowusta, imibongo, iingoma, imidlalo nezinto ezibonakalayo zomxholo okhethiweyo. Ootitshala mabazame ukwenza yonke imisebenzi, bayiphinda-phinde ngaphezu kwesinye kangangoko banako. Mabahlole umsebenzi wabafundi besebenzisa iMisebenzi yokuHlola oKungekho Sesikweni. Izihloko mazimvumele utitshala aphinde asebenzise ukusetyenziswa kolwimi / izakhi zolwimi ezilula naxa ethetha nabafundi ngoLwimi oloNgezelelweyo lwesiBini.

***Imisebenzi yeveki***

Utitshala angenza omnye omde okanye emibini ukuya kwemithathu emifutshanengeki

- Uphuhlisa isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha) esebenzisa imixholo nezihloko
- Uthabatha inxaxheba kwimidlalo elula nengxoxo ezine zivakalisi ezi- 3 ukuya kwi-4 ngoncedo lukatitshala ebonisa ingxoxo emfutshane ngababini okanye ngamaqela amancinci
- Ulandela imiyalelo emifutshane enezivakalisi eziyi 2-3 ezibonakalisa ulandelelwano
- Uqondisisa, aphendule imibuzo emifutshane, umz: Ngubani, Yintoni, Phi, Yekabani?
- Wenza izicelo nentetho emfutshane ngolwimi olutsha ngenxaso katitshala, umz; 'Ndingaya phandle ndiyo dlala?
- Usebenzisa ulwakhiwo lolwimi (Umz:. Namhlanje, Ngomso, Izolo) Umamela kwizicengcelezo ezilula ezinezivakalisi ezi- 2 azinikwe ngutitshala
- Unkqaya aze enze imilinganiso yemobongo elula neengoma ngababini nangamaqela amancinci ngokuzithemba nangodlamko
- Udlala imidlalo yolwimi ngaphandle kwe klasi nabahlobo nangamaqela amancinci phantsi kweliso likatitshala

***Kanye ngeveki, utitshala ufunda okanye abalise ibali. Amabali anokudlalwa kusetyenziswa intshukumo yomzimba nezikhokhelo ukuxhasa / ukuphuhlisa intsingiselo. Makusetyenziswe amabali aphuma kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso ezobonwa ngabafundi***

- Umamela amabali amafutshane ngomdla angenelele kwikhorasi ngexesha elifanelekileyo ngababini nangamaqela amancinci
- Umamela aphendule imibuzo ekwibali elifutshane efundwe ngokukhwaza ngutitshala

***Ukuvelisa imixholo, isigama, nesakhiwo solwimi***

Ngokuthatha inxaxheba kule misebenzi ingentla:

- Uqhubekeka nokukhulisa isigama *esebenzisa izijekulo*
- Usebenzisa isakhiwo solwimi (Umz: Namhlanje, Ngomso, Izolo)
- Uqondisisa aphendule imibuzo elula umz: Ngubani, Yintoni, Phi, Yekabani?
- Uqalisa ukuvelisa ulwazi nendlela yokusebenzisa isakhiwo solwimi ebonisa intsingiselo yolwimi oluthethwayo, amagama asetyenziswa rhoqo, imibuzo, izimelabizo, izenzi, imiyalelo, njl.

**Ingcebiso zohlolo olungekho sesikweni: Ukuphulaphula nokuthetha: (ezomlomo)**

- Uthabatha inxaxheba kwimidlalo elula nakwingxoxo enezivakalisi ezi-3 ukuya kwi-4 ebonisa incoko emfutshane/imibuliso ngababini nangamaqela amancinci
- Ulandela imiyalelo emifutshane emi-2 ukuya kwe- 3 ayinikwa ngutitshala
- Unika iimpendulo kwimiyalelo elula ayinikwa ngutitshala nabafundi, umz: Bamba ibhola
- Usebenzisa isakhiwo solwimi (Umz; Namhlanje, Ngomso, Izolo)
- Uqondisisa aphendule imibuzo elula umz: Ngubani, Yintoni, Phi, Yekabani?
- Wenza izicelo ezilula esebenzisa ulwimi olutsha ngoncedo lukatitshala, umz. ‘Ndingaya phandle ndiyo kudlala?

**IBANGA 3 IKOTA 3**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO (EMERGENT LITERACY)**

**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (*Phonological awareness) nokuFunda noTitshala ziditynisiwe nokuPhulaphula nokuThetha.***

**UMXHOLO/INGQIQO/IZAKHONO**

***Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi* (*Phonological Awareness)***

- Uqonda izandi ezisekuqaleni nasekupheleni kwe gama
- Uqonda inani lezandi kwi silabhuli nganye kumagama aqhelekileyo
- Wahlula adibanise amagama omlomo, umz: u-ma-ma umama
- Uqonda ubudlelwane bezikhamiso nononye kumagama aqhelekileyo kuLwimi lweSibini oloNgezelelweyo naku Lwimi lwaseKhaya
- Uqonda izandi ezingafaniyo,umz: izikhamiso

  Uqonda izandi ezinomahluko kuLwimi lwaseKhaya noLwimi lweSibini oloNgezelelweyo
- Usebenzisa onotsheluza ukwakha amagama (jonga, thetha, yenza)

***UkuFunda noTitshala (ubuncinane bemizuzu engama-15 kabini ngeveki)***

***Kabini ngeveki, ngokuxhomekeka kwixesha elifumanekayo, utitshala makabalise okanye afunde ibali (amabali abalisiweyo angalinganiswa kusetyenziswe i intshukumo nezixhobo ukuphuhlisa intsingiselo. Amabali afundwayo mawathathwe kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso apho abantwana banokuyibona yonke imifanekiso. Utitshala ubhala amagama avela rhoqo ebaleni awabeke edongeni.***

***Imisebenzi yeveki***

- Umamela amabali amafutshane, ubalisa amabali ayinyani okanye itekisi engeyonyani ebalisiweyo okanye efundwe kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso ngomdla angenelele kwikhorasi ngexesha elifanelekileyo
- Ufunda itekisi ngokukhwaza notitshala. Iklasi yonke ifunda ibali elifanayo okanye itekisi eyinyani notitshala Ulandela itekisi efundwe ngutitshala nabafundi enika ingqwalasela kumagama aqhelekileyo efunda ngokuzithemba esebenzisa namalungu omzimba.
- Ufunda ngokuzithemba iitekisi ebezifundwe notitshala kwikota yokuqala neyesibini
- Uphuhlisa intsingiselo aphendule imibuzo elula ebhekisele ebalini (Ngubani, Phi, Njani, Yintoni)
- Uchaza ezinye izinto ezisemifanekisweni ngokuphendula imibuzo ebuzwa ngutitshala nabafundi
- Udlala indawo encinci ebalini ngamaqela amancinci
- Uqondisisa afunde amanye amagama asetyenziswa rhoqo kwigumbi lokufundela ngo- SAL , umz; idispleyi

**UKUHLOLA**
**Ingcebiso zoHlolo Olungekho seSikweni :**

**Ukuqonda nokuqwalasela izandi: (ezomlomo)**

- Uqonda izandi ezisekuqaleni nasekupheleni kwe gama
- Uqonda inani lezandi kwisilabhuli nganye kumagama aqhelekileyo
- Uqonda izandi ezingafaniyo umz: izikhamiso (umz. d, f, g, h, l, m, n, s, njl.)
- Ukubona izandi ezinokwahluka kuLwimi lwaseKhaya naku-SAL
- Usebenzisa onotsheluza besilabhuli ukwakha amagama (jonga, thetha, yenza)

**UkuFunda noTitshala (ezomlomo)**

- Ufunda itekisi ngokukhwaza notitshala ngokutyibilika.
- Ufunda ngokutyibilika, iitekisi ebezifundwe notitshala kwiKota 1 no 2.
- Uphendula imibuzo elula ebhekisele ebalini ngeempendulo ezimfutshane.
- Ubonisa ukuqonda isigama esisebalini ngokubiza amagama asebalilni.
- Udlala indawana ezisebalini esebenzisa iintshukumo nengxoxo ezilula ngababini nangamaqela amancinci.

**IBANGA 3 IKOTA 4**

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA ( EZOMLOMO)**

**UMXHOLO/INGQIQO/IZAKHONO**

Ootitshala mabakhethe izihloko ezithathu eziyakubanceda ukwazisa nokubeka isigama esiyakubane sisetyenziswa nokuquka imisebenzi edweliswe ngezantsi.

**Qaphela ukuba izihloko ezicetyiswayo ziingcebiso nje *Ootitshala mabakhethe ezabo izihloko ngokuxhomekeke kwingingqi zabo nezixhobo abanazo. Kufuneka baqinisekise ukuba banazo iiNcwadi eziNkulu/iipowusta/ imibongo, iingoma, imidlalo nezinto eziphathekayo zezihloko abazikhethileyo.***

Ootitshala mabazame ukwenza yonke imisebenzi bayiphinda-phinde ngaphezu kwesinye kangangako banako. Mabahlole imisebenzi yabafundi besebenzisa iMisebenzi yokuHlola oKungekho Sesikweni. . Izihloko mazimvumele utitshala aphinde asebenzise ukusetyenziswa kolwimi / izakhi zolwimi ezilula naxa ethetha nabafundi ngoLwimi lweSibini oloNgezelelweyo.

**Imisebenzi yeveki**

Utitshala unokwenza umsebenzi omnye omde okanye emibini okanye emithathu emifutshane kanye ngeveki ngeveki

- Uphuhlisa isigama somlomo (ukuphulaphula nokuthetha) esebenzisa imixholo nezihloko
- Ulandela imiyalelo emifutshane enezivakalisi ezi- 2 ukuya kwi-3 ezibonakalisa ulandelelwano
- Uthabatha inxaxheba kwimidlalo elula nengxoxo ezinezivakalisi ezi- 3 ukuya kwi-4 ngoncedo lukatitshala ebonisa ingxoxo emfutshane ngababini nangamaqela amancinci
- Banikana amaxesha ukunikana imiyalelo elula ngexesha lemidlalo yolwimi nabahlobo
- Uqondisisa, aphendule imibuzo elula, umz: Ngubani igama lakho, Miingaphi iminyaka yakho?
- Wenza aphendule izicelo ezilula ezenziwa ngutitshala nabahlobo
- Ubonisa abize amagama ezinto zokwenyani ngolwimi olutsha (incwadi, ipensile, isihlangu, isheti, njl.)
- Uthetha ngezinto azibona emfanekisweni elandela imiyalelo katitshala (Ubona ntoni emfanekisweni? Ndixelele yintoni onokuyibona emfanekisweni.)
- Umamela amabali alula ezine zivakalisi ezi- 2-3, azinikwe ngutitshala echaza akwenzileyo
- Ngoncedo lukatitshala. Unika izivakalisi ezilula (izivakalisi ezi-2-3), umzekelo, abafundi baxelela utitshala ngemo-yezulu
- Unkqaya aze enze imilinganiso yemobongo elula neengoma ngababini nangamaqela amancinci ngokuzithemba nangodlamko

***Kanye ngeveki, utitshala ufunda okanye abalise ibali. Amabali anokudlalwa kusetyenziswa intshukumo yomzimba nezikhokhelo ukuxhasa / ukuphuhlisa intsingiselo. Makusetyenziswe amabali aphuma kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso ezobonwa ngabafundi.***

- Umamela amabali amafutshane ngomdla angenelele kwikhorasi ngexesha elifanelekileyo ngababini nangamaqela amancinci
- Umamela aphendule imibuzo ekwibali elifutshane efundwe ngokukhwazangutitshala
- Uphendula imibuzo elula ephuma ebalini ngempendulo ezimfutshane (Ngubani, Yintoni, Phi?

***Ukuvelisa imixholo, isigama, nesakhiwo solwimi***

Ngokuthatha inxaxheba kule misebenzi ingentla:

- Uqhubeka nokukhulisa isigama asifumeneyo namabinzana akwingxoxo ezilula
- Uqala ukubonisa ulwazi lokusebenzisa izakhiwo zolwimi esebenzisa umlomo, amagama aqhelekileyo, imibuzo, izenzi, izininzi ,izibizo, njl.
- Usebenzisa ulwakhiwo lolwimi ( umz: Namhlanje, Ngomso, Izolo)
- Uqonda aze aphendule imibuzo elula enje ngo- Ngubani, Yintoni, Phi, Yekabani?

**UKUHLOLA**

**Ingcebiso zohlolo Olungekho seSikweni**

- Uthabatha inxaxheba kwimidlalo elula nakwingxoxo enezivakalisi ezi-3 ukuya kwi- 4 ebonisa incoko emfutshane/imibuliso ngababini nangamaqela amancinci
- Usebenzisa isakhiwo solwimi, (umz; Namhlanje, Ngomso, Izolo)
- Ulandela imiyalelo emifutshane emi-2 ukuya kwi- 3 ayinikwa ngutitshala
- Unika iimpendulo kwimiyalelo elula ayinikwa ngutitshala nabafundi, umz: Bamba ibhola
- Uqondisisa aphendule imibuzo elula umz: Ngubani, Yintoni, Phi, Yekabani?
- Wenza izicelo ezilula esebenzisa ulwimi olutsha ngoncedo lukatitshala, umz. ‘Ndingaya phandle ndiyodlala?

**IBANGA 3 IKOTA 4**

**UKUFUNDA OKUKHULAYO (EMERGENT LITERACY)**

**Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi (*Phonological awareness) nokuFunda noTitshala zidityanisiwe nokuPhulaphula nokuThetha***

**UMXHOLO/INGQIQO/IZAKHONO**

***Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi* (*Phonological Awareness)***

- Uqonda izandi ezisekuqaleni nasekupheleni kwe gama
- Uqonda inani lezandi kwi silabhuli nganye kumagama aqhelekileyo
- Wahlula adibanise amagama omlomo, umz: u-ma-ma umama
- Uqonda ubudlelwane bezikhamiso nononye abizwa ngokufanayo kuLwimi lwaseKhaya nakuLwimi lweSibini oloNgezelelweyo (umz. . d, f, g, h, l, m, n, s, njl.). Yenza ubuncinane isandi esinye ngeveki.
- Fundisa izandi ezino kuba nomahluko, umz. izikhamiso
- Fundisa ezinye izandi ezonomahluko kuLwimi lwaseKhaya naku Lwimi lweSibini oloNgezelelweyo
- Sebenzisa onotsheluza besilabhuli ukwakha amagama (jonga, thetha, yenza)

***UkuFunda noTitshala (ubuncinane bemizuzu engama-15 kabini ngeveki)***

***Utitshala ubalisa okanye afunde ibali kabini evekini. Amabali abaliswayo anokudlalwa kusetyenziswa izijekulo nezixhobo ukuxhasa nokuphuhlisa intsingiselo. Amabali afundwayo mawathathwe kwiNcwadi eNkulu okanye ipowusta enemifanekiso apho abantwana banokuyibona yonke imifanekiso. Utitshala ubhala amagama avela rhoqo ebaleni awabeke edongeni***

***Imisebenzi yeveki***

- Umamela amabali amafutshane, ubalisa amabaliayinyani okanye itekisi engeyonyani ebalisiweyo okanye efundwe kwincwadi enkulu okanye ipowusta enemifanekiso ngomdla angenelele kwikhorasi ngexesha elifanelekileyo
- Ufunda itekisi ngokukhwaza notitshala. Iklasi yonke ifunda ibali elifanayo okanye itekisi eyinyani notitshala
- Ulandela itekisi efundwe ngutitshala nabafundi enika ingqwalasela kumagama aqhelekileyo efunda ngokuzithemba esebenzisa namalungu omzimba.
- Ufunda ngokutyibilika, iitekisi ebezifundwe notitshala kwiKota 1 ukuya ku 3
- Uphuhlisa intsingiselo aphendule imibuzo elula ebhekisele ebalini (Ngubani, Phi, Njani, Yintoni)
- Uchaza ezinye izinto ezisemifanekisweni ngokuphendula imibuzo ebuzwa ngutitshala nabafundi
- Udlala indawo encinci ebalini ngamaqela amancinci
- Ngoncedo lukatitshala, baphinda babalise ibali ngababini
- Ubona afunde amagama aqhelekileyo aeklasini abhalwe ngolwimi u-SALumz. idispleyi eseludongweni
- Ufunda abhale amagama aqhelekileyo ngo- SAL

**UKUHLOLA**

**Ingcebiso zohlolo olungekho sesikweni :**

***Ukuqonda ngezandi / ukuqwalasela izandi*: (ezomlomo)**

- Uqonda izandi ezisekuqaleni nasekupheleni kwe gama
- Uqonda ubudlelwane bezikhamiso nononye abizwa ngokufanayo kuLwimi lwaseKhaya nakuLwimi lweSibini oloNgezelelweyo (umz. d, f, g, h, l, m, n, s, njl.). Yenza ubuncinane isandi esinye ngeveki.
- Uqonda izandi ezino kuba nomahluko, umz. izikhamiso
- Uqonda ezinye izandi ezonomahluko kuLwimi lwaseKhaya naku Lwimi lweSibini oloNgezelelweyo Sebenzisa onotsheluza besilabhuli ukwakha amagama (jonga, thetha, yenza)

**UkuFunda noTitshala**

- Ufunda ngokutyibilika, iitekisi ebezifundwe notitshala kwiKota 1 ukuya ku 3
- Uphendula imibuzo elula ebhekisele ebalini ngempendulo ezimfutshane
- Ubonisa ulwazxi lwakhe lwesigama sebali ngokufunda amagama
- Udlala indawo encinci ebalini esebenzisa intshukumo nengxoxo ezilula ngababini nangaqela amancinci

**IMIZEKELO YETEKISI NEZIXHOBO EZINOKUSETYENZISWA NGONYAKA**

- Imifanekiso neepowusta
- IiNcwadi eziNkulu zamabali aqwetyiweyo nayinyani
- Ezinye iitekisi ezandisiweyo (imibongo, iingomal, njl-njl.)
- Izinto ezinxulumene nezihloko nemixholo ethile, iiphaphethi, iimaskhi, njalo-njalo.
- Imifanekiso ezakulandelelaniswa
- Imibongo,iingoma nezicengcelezo
- Imidlalo yolwimi (ngomlomo)
- Iincwadi ezinemifanekiso eenengcaciso (caption books)
- Oonotsheluza(Flash card labels) bezinto eziseklasini, izinto ezibonisiweyo nomabonwa rhoqo
- Iitshati ze-alfabhethi
- Izinto zokukhomba eziza kusetyenziswa xa kufundwa iitekisi ezandisiweyo, amabali odonga(aseludongeni)
- Iimaski, Utitshala/Iincwadi ezinkulu ezenziwe ngabafundi, Zig-zag books , iipapethi, oonotsheluza
- Iikhostyum ezenziweyo ukulungiselela ukulinganisa nokwenza amabali
- Iiteyipu ezimanyelwayo ezinamabali afundwayo okanye abhaliweyo, isidlali seeCD iiCD okanye iteyipu ezimanyelwayo, imibongo, izicengcelezo neengoma , isidlali seeCD okanye isishicileli seteyipu , umabonakude neeteyipu zevidiyo/DVDs

**ULUHLU LWAMAGAMA**

**ukuhlola (*assessment*) -** inkqubo ecwangcisiweyo neqhubekayo yokuqokelela ulwazi malunga nokusebenza komfundi, nokuba yenziwa ngokusesikweni okanye ngokungekho sesikweni.

**ukuhlola okusisiseko (*baseline assessment*) -** ukuhlola kokuqala okwenzelwa ukufumana ukuba sele esazi ntoni umfundi. UkuHlola koNyaka kukaZwelonke (*i-Annual National Assessment - ANA*) kuya kwenziwa ekuqaleni kwekota yokuqala kuwo onke amabanga yaye iya kuba kukuhlola okusisiseko.

**ukuhlola okuqhubekayo (*continuous assessment*) -** ukuhlola okuyinxalenye yokufundisa nokukhuliswa kwabafundi ngokusoloko benikwa ingxelo ngomsebenzi wabo.

**ukubhala ngokudibanisa (*cursive writing*) -** indlela yokubhala ngesandla eyenziwa ngokubhala amagama ungakhange uluphakamise usiba (*pen*) okanye ipensile. Kuya kuphuma itekisi edibeneyo enoonobumba abenzeke kuloo ndawo luphakanyiswe kuyo usiba okanye ipensile.

**ilitheresi ekhulayo (*emergent literacy*) -** luthetha ulwazi lwabafundi olukhulayo malunga namagama. Abafundi babona amagama abhaliweyo baze bawaqonde ukuba athetha ukuthini. Bafunda ngeencwadi namabali befundelwa ngabantu abadala okanye abafundi abadala kunabo. Basenokuqala ukuzama ukubhala amagama abo besebenzisa iindlela abacinga ukuba apelwa ngazo (upelo oluyiliweyo okanye upelo olukhulayo) yaye basenokuqala ukulinganisa ukufunda iincwadi. Zonke ezi zenzo zibonisa ukukhula kolwazi lwabo lwelitheresi - ilitheresi ekhulayo.

**itekisi ezotyiweyo (*graphic text*) -** itekisi apho ulwazi lungohlobo olubonwayo umz. imizobo, iigrafu, njalo-njalo.

**ukufunda okuncediswayo (*guided reading) -*** lithuba lokufunda kweqela apho abafundi bakwinqanaba elinye lokufundiswa aze utitshala ababonise indlela yokufunda ukwenzela ukuba bona baye bengenelela befunda ngokwabo.

**ukubhala okuncediswayo (*guided writing*) -** kulapho umfundi ngamnye okanye amaqela amancinci abafundi abhala uluhlu lweentlobo zeetekisi emva kokuba utitshala ebanike isikhokelwana malunga nokubhala umz. ifomathi, ukuphawulwa kwentetho (ngeekhoma, izingxi, njalo-njalo), iukusetyenziswa kolwimi okanye upelo.

**ukuprinta okudityaniswayo (*joint script*) -** luhlobo lokudibanisa olusekelwe kuhlobo oluthile lwendlela yokubhala (*script*) engadibanisiyo, olwenzeka ngokuba amagama amaninzi adityaniswe ngenjongo yokukhawulezisa ukubhala.

**isandi (*phoneme*) -** izandi ezizimeleyo zolwimi (umz. ‘t’, ‘th’, ‘ty’, ‘dy’) Igama u-‘apha’ lineefonimi ezintathu ezizezi: ‘a’ ‘ph’ ‘a’.

**ulwazi lwezandi (*phonemic awareness*)** - ukukwazi ukwahlula izandi ezahlukeneyo zolwimi.

**izandi zopelo (*phonics*)** - ubudlelwane phakathi kwezandi nendlela ezipelwa ngayo. Izandi zopelo zisetyenziswa ekufundeni nasekubhaleni.

**ulwazi lwezandi (*phonological awareness*)** - ukukwazi ukuqwalasela izandi zolwimi uzahlula kwintsingiselo yazo.

**isingqi (*rhyme*)** - amagama okanye imiqolo yombongo ephela ngesandi esinye (umz. hlamba, hamba, thamba).

**ukufunda notitshala (*shared reading*)** - umsebenzi apho abafundi bafunda kunye notitshala kwitekisi eyandisiweyo yaba nkulu. Esi sisifundo seklasi yonke. Le tekisi isetyenziswayo ijoliswe kwelona qela liqhuba kakuhle apha eklasini. Abanye abafundi baya kuphulaphula, abanye baqale kancinci ukufunda ngelixa abaninzi beya kube befunda ngokupheleleyo. Le tekisi inye isetyenziswa iintsuku ezininzi. Utitshala ujonga indawo ekuza kugxilwa kuyo ngosuku ngalunye. Itekisi le isetyenziselwa ukwazisa ngokusemxholweni iimpawu zetekisi, izandi, iukusetyenziswa kolwimi nezakhono zokufunda.

**amagama abonakala lula (*sight words*)** - ngamagama umntu ofundayo awaqonda ngokuzenzekelayo (xa ewabona). Akukho mfuneko yokuba ade acazululwe. Xa esafundiswa ukufunda umfundi amagama aqondeka lula adla ngokuxhaphaka okanye amagama ‘asetyenziswa kakhulu’ afana nala: ‘umama’ ‘usisi’.